education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

ISIQINISEKISO SIKAZWELONKE

IZIKHOKELO ZOHLOLO

ULWIMI INQANABA

4 le NQF

Eyomsintsi 2007

IMIXHOLO

ICANDELO A: INJONGO YEZIKHOKELO ZOHLOLO LWESIFUNDO

ICANDELO B: UHLOLO KWISIQINISEKISO SIKAZWELONKE (ESOMSEBENZI)

1 UHlolo kwiZiqinisekiso Sikazwelonke (esoMsebenzi)
2 Isakhelo sohlolo lweziqiniselo zomsebenzi
2.1 UHlolo Rhoqo lwangaPhakathi (ICASS)
2.2 UHlolo loShwankathelo lwangaPhandle
3 Ukuhlolwa kohlolo
3.1 Ukuhlolwa kwangaPhakathi
3.2 Ukuhlolwa kwangaPhandle
4 Ixesha lokuxabiseka kwe-ICASS
5 Okufunekayo kumvavanyi
6 Iintlobo zohlolo
6.1 Uhlolo olungamaqalela
6.2 Uhlolo oluxilongayo
6.3 Uhlolo olwakhayo
6.4 Uhlolo olushwankathelayo
7 Ukucwangcisela uhlolo
7.1 Ukuqokelela ubungqina
7.2 Ukurekhoda
7.3 Ukwenza ingxelo
8 Iimethodi zohlolo
9 Izixhobo zokuqokelela ubungqina
10 Izixhobo zokuvavanya umsebenzi womfundi
11 Ukukhetha kunye/okanye ukuyila iinkqubo zokurekhoda nokunika ingxelo
12 Iinkcazelo zofaneleko
13 Amaqhinga okuqokelela ubungqina
13.1 Amaphepha okurekhoda
13.2 Izintlu zokukhangela

ICANDELO C: UHLOLO KWISISEKO - ULWIMI

1 Inkqubo yohlolo
2 Ukurekhoda nokunika ingxelo
3 Uhlolo lwangaphakathi lweziphumo kULwimi – Umgangatho 4
4 Imimiselo elawula imibuzo yohlolo yolWimi equlunqwe yiofisi yezemfundo – Inqanaba 4

ISIHLOMELO A: AMAPHEPHA EMVIWO ACETYWAYO

ICANDELO A: INJONGO YEZIKHOKELO ZOHLOLO LWESIFUNDO

Olu xwebhu lubonelela ngezikhokelo zophuhliso nokusetyenziswa kwenkqubo yohlolo olunamatheleyo yesifundo soLwimi kwiSiqinisekiso sikaZwelonke (esomsebenzi), malufundwe ngokuhlangeneyo *neNkqubo yeSiqinisekiso soMsebenzi: iSiqinisekiso kwiNqanaba 4/3/2 kwiSakhelo seZiqinisekiso zikaZwelonke (NQF).* Izikhokelo zoHlolo lweZifundo ziya kusetyenziselwa amanqanaba 2-4 e-NQF.

Amacandelo akolu xwebhu athi thaca iimfuneko zala malungu mabini ohlolo lwesifundo, abizwa ngokuba luhlolo lwangaphakathi nolwangaphandle. Umfundisi-ntsapho uyacelwa ukuba asebenzise olu xwebhu ngokuhlangeneyo noxwebhu *oluziZikhokelo zeSifundo*: *uLwimi* ukulungiselela nokuhambisa isifundo esiluLwimi. Abafundisi-ntsapho bayakhuthazwa ukuba basebenzise izibonelelo ezahlukeneyo, nokusebenzisa uluhlu lwezakhono zohlolo kwisakhelo, ekuphawuleni nasekurekhodeni imisebenzi yohlolo.

ICANDELO B: UHLOLO KWISIQINISEKISO SIKAZWELONKE (ESOMSEBENZI)

1 UHLOLO KWISIQINISEKISO SIKAZWELONKE (ESOMSEBENZI)

Uhlolo kwiSiqinisekiso sikaZwelonke siqhinishelwe yimigomo yeSakhelo seZiqinisekiso zikaZwelonke (NQF). Le migomo:

- Ikukudala isakhelo sikazwelonke esimanyeneyo sophumezo lwezifundo;
- Ikukwenza lula ufikelelo nenkqubela-phambili emfundweni, kuqeqesho nakwimizila yomsebenzi;
- Ikukunyusa umgangatho wemfundo noqeqesho;
- Ikukulungisa ucalucalulo olungalunganga nokungalingani kwamandulo ngokwenjenjalo kunyusa isantya samathuba engqesho;
- Ikukwenza igalelo kuphuhliso olulonke lomfundi ngokuvakalisa:
  - Ulungelelwano lwentlalo noxanduva
  - Ukunika ingxelo ngokuziphatha ngokuziqhelanisa kweenqobo zomsebenzi
  - Ukuthatha inxaxheba kwezoqoqosho
  - Ukwakha isizwe.

Imithetho-siseko eqhuba le migomo yile:

- ***Umanyano***

Ukwamkela inkqubo emanyeneyo kwimfundo nakwingqeqesho eya komeleza amandla ophuhliso lwezibonelelo zoluntu lwesizwe.

- ***Unxulumano***

Ukubanamandla nokuphendula kwizidingo zophuhliso lwesizwe.

- ***Intembeko***

Ukubonisa nokunakana izinto zesizwe nezehlabathi ezilixabiso.

- ***Ukunamathelana***

Ukusebenza ngaphakathi kwesakhelo esingaguqukiyo semithetho-siseko nesiqinisekiso.

- ***Uguquguquko***

Ukuvumela uyilo nobuqili ekuphumezeni iziphumo ezifanayo zezifundo.

- ***Ukuthabath' inxaxheba***

Ukuvumela ukuthabath' inxaxheba kwabantu abanomdla ekubekeni imigangatho nokulungelelanisa uphumezo lwesiqiniselo.

- ***Ufikelelo***

Ukuvakalisa imiqobo ekufundeni kwinqanaba ngalinye ukubonelela ngongeno olulula nokwenza lula inkqubela phambili.

- ***Inkqubela phambili***

Ukuqinisekisa ukuba isakhelo seziqiniselo sivumela abantu ukuba bahambe ngamanqanaba eziqiniselo zesizwe ngokugqitha kwiingxubevange ezifanelekileyo nezahlukileyo zamalungu enkqubo yohambiso.

- ***Ukuphatheka***

Ukwenza abafundi bakwazi ukugqithisa iziqinisekiso zeziqiniselo ukusuka kwelinye iziko lemfundo kunye/okanye umqeshi ukuya komnye.

- ***Uphimiselo***

Ekuzigqibeni ngempumelelo izinto ezifunekayo eziqinisekisiweyo nokuvumela intshukumo ethe nkqo nethe tyaba kwinkqubo yemfundo.

- ***I-RPL***

Ukunikeza isiqinisekiso secandelo lemfundo ngokwesiseko sohlolo kwaye nomfundi unamandla achazwe kwingxelo yeziphumo.

- ***Ukunyaniseka kweemvavanyo***

Uhlolo maluquke uluhlu olubanzi lolwazi, izakhono, izinto ezilixabiso, ukuziphatha okufunekayo ukubonisa iimfaneleko esetyenzisiweyo. Oku kuphunyezwe:

  - Ngokuxela ngokucacileyo isiphumo esivavanywayo;
  - Ngokukhetha ubungqina obufanelekileyo;
  - Ukumatanisa ubungqina nemethodi yohlolo efanelekileyo;
  - Ukukhetha kwanokwakha isixhobo sohlolo esingqinelanayo.

- ***embeko***

Linkqubo zohlolo zimelwe kukungagungqi kangangokuba kufikelelwe kwisiphumo okanye kwisigwebo esifanayo ukuba uhlolo beluphindwe ngendlela efanayo. Oku kufuna indlela enye ekutolikeni ubungqina, ngoko uqwalaselo olunenkathalo lohlolo lubalulekile.

- ***Ukulunga nocikideko***

Inkqubo okanye imethodi yohlolo imelwe kukungaphazamisani okanye ixhamlise ngokungalunga nawuphi na umfundi. Oku kulandelayo kungaqukanisa ukungalungi kohlolo:

  - Ukungalingani kwamathuba, izibonelelo neenkqubo zokufundisa nokufunda;
  - Ukuba nedolo okusekeke ngokobuhlanga, ubuni, ubudala, ukhubazeko okanye udidi lwentlalo;
  - Ukusilela kokucaca ngokuphathelele koko kuvavanywayo;
  - Uthelekiso lomsebenzi wabafundi nabaye nowabanye abafundi, ngokubhekiselele kwizimbo zokufunda nolwimi.

- ***Uguquguquko***

Uhlolo malulungiselele izimbo zokufunda ezahlukeneyo, kwaye lusebenzise uluhlu lweemethodi, izixhobo nezikrweqe.

- ***Ukusebenziseka nokungabi nandleko***

Iinkqubo zohlolo ezingaphakathi kwemfundo esekeke kwiziphumo nenkqubo yoqeqesho zimele ukumanyanisa nokuzamela uhlolo lokulondoloza ixesha nendleko.

2 ISAKHELO SOHLOLO LWEZIQINISELO ZOMSEBENZI

Isakhiwo sohlolo lwesiqiniselo se-NC (soMsebenzi) sinjengoku kulandelayo:

2.1 UHlolo Rhoqo lwangaPhakathi (ICASS)

Ulwazi, izakhono, ukuziphatha nezinto ezilixabiso (SKAVS) zivavanywa unyaka wonke ngokusebenzisa izixhobo ezinjengeeprojekthi, iimvavanyo, imisebenzi emiselweyo, uphando, imidlalo yendima, uphando, njl. Ilungu elenziwayo lwe-ICASS lenziwa kwindawo yokwenene yempangelo, kwindawo elinganisiweyo okanye eyakhiweyo, lihlolwa ngaphakathi, umgangatho walo uqinisekiswa ngaphandle ngu-Umalusi. Bonke ubungqina be-ICASS buqulethwe kwiPotifoliyo yobuNgqina (PoE), kwaye mabufumaneke ngokulula ngezizathu zokonganyelwa, ukuhlolwa nokuqinisekiswa.

Ilungu elinyanzelisayo le-ICASS **nguMsebenzi woHlolo loShwankathelo oluManyeneyo (ISAT),** ongumsebenzi omkhulu wohlolo odibanisa imfundo eyongezelelekileyo yomfundi ayifumene unyaka wonke. Umsebenzi ufuna usetyenziso olumanyeneyo lwemfaneleko nesetyenziswa phantsi kweemeko ezingqongqo zohlolo. Ubude bomsebenzi bumele ukujonga ekulinganiseni iseshoni yomsebenzi yeeyure ezine ukuya kwezisixhenxe kwaye umele ukwenzeka kwindawo yomsebenzi elinganisiweyo okanye eyakhiweyo. Olu luhlolo olubaluleke kakhulu lobuchule babafundi ukusebenzisa ulwazi olufunyenweyo.

Inkqubo yohlolo olumanyeneyo ivumela ukuba umfundi avavnywe kwisifundo esingaphezu kwesinye ngaphakathi kwe-ISAT enye.

2.2 UHlolo loShwankathelo lwangaPhandle

Uhlolo loshwankathelo lwangaphandle lungaba liphepha elinye okanye intaphane yamaphepha ebhaliweyo ethiwe thaca kwiimfuno zezifundo zeziphumo zemfundo. ULawulo: kwiiMviwo noHlolo lukaZwelonke lulawula icandelo lethiyori ngokuhambelana neenkqubo ezifanelekileyo zohlolo.

Iimvavanyo zoshwankathelo lwangaphandle ziya kuqhutywa ngonyaka phakathi kwenyanga ka-Oktobha noDisemba, nesibonelelo esenzelwe ukuhlalela uxabangelo.

3 UKUHLOLWA KOHLOLO

3.1 Ukuhlolwa kwangaPhakathi

Lonke uhlolo maluhlolwe ngokwenkqubo yokuhlolwa kwangaPhakathi ye-FET College. Ukuhlolwa kwe-college yangaphakathi kuyinkqubo eqhubekayo. Inxaxheba yomhloli iqala ngesicwangciso seemethodi nesezixhobo zohlolo kwaye ilandele intsebenziswano eqhubekayo nenkxaso kubavavanyi. Ukuhlolwa kwangaphakathi kukwakukudala ukuqondana okufanayo kwemigangatho yohlolo kwanokulondoloza oku ngokungaphaya kweenkqubo zomsebenzi.

3.2 Ukuhlolwa kwangaPhandle

Ukuhlolwa kwangaphandle kwanoqinisekiso zii-ETQAs ezifanelekileyo, no-Umalusi

ngokwe-SAQA nemigangatho neemfuneko zika-Umalusi.

Umhloli wangaphandle unale misebenzi ilandelayo:

- Ukongamela nokuvavanya umgangatho wazo zonke iimvavanyo zoshwankathelo;
- Ukulondoloza imigangatho ngokwenza impembelelo efanelekileyo nolawulo ngaphezu kwabavavanyi;
- Ukuqinisekisa ukuba iinkqubo ezifanelekileyo zilandelwe;
- Ukuqinisekisa ukuba iimvavanyo ezimanyeneyo zoshwankathelo zilawulwe ngokuchanekileyo;
- Uqwalaselo lwesampulu ebuncinane buli-10%, ukunyuka ukuya kuma-25%, lweemvavanyo zoshwankathelo;
- Ukunikeza ingxelo ebhaliweyo kumqinisekisi womgangatho ofanelekileyo;
- Ukwenza umsebenzi wokuhlola ngexesha lembambano phakathi kwabavavanyi nomfundi.

Ngokuthana mbende nenkqubela yemfundo yoqukaniso, iinkqubo zohlolo lwabafundi abafumana imiqobo ekufundeni abafundi mabaqhelaniswe kwaye baxhaswe ukubenza bafikelele kwimpuhle yabo epheleleyo.

4 IXESHA LOKUXABISEKA KWE-ICASS

I-ICASS efunyenwe ngumfundi kunyaka wemfundo ingasetyenziswa kuhlolo lokugqibela kwimeko yokuhlalela uxabangelo.

Olu xabangelo lunokusetyenziswa kuphela kubukhulu bamaxesha amabini, kwaye maluphelele phakathi kwexesha leenyanga ezilishumi elinambini ukusukela ekuchopheleni uviwo lokuqala.

Uviwo lwe-ICASS maluphinde lungeniswe nobhaliso loviwo ngalunye oluya kuthi lube yinxalenye yalo.

5 OKUFUNEKAYO KUMVAVANYI

Abavavanyi mababe ziingcali zezifundo kwaye mababe sebebhengezwe njengabafanelekileyo ngokuchasene nemigangatho ebekwe yi-ETDP SETA. Ukuze uqiniseke ngomgangatho ophezulu nemfezeko yeemvavanyo apho umfundisi-ntsapho oqhuba iimvavanyo engabhengezwanga njengomvavanyi ofanelekileyo, umvavanyi osel' ebhengezwe njengofanelekileyo unokuchongwa ukuba ongamele inkqubo yohlolo.

6 IINTLOBO ZOHLOLO

Uhlolo luxhamlisa umfundi ndawonye nomfundisi-ntsapho. Lwazisa abafundi ngenkqubo yabo kwaye lunceda ekubeni abafundisi-ntsapho benze izigqibo ezisengqiqweni kumanqanaba ahlukeneyo enkqubo yemfundo. Ukuze kufezeke injongo elindelweyo kunokusetyenziswa iintlobo ezahlukeneyo zohlolo.

6.1 Uhlolo olungamaqalela

Uhlolo olungamaqalela lusetyenziswa ekuqaleni kwenqanaba okanye kwamava emfundo ukuseka oko sebekwazi abafundi. Luseka ulwazi, izakhono, izinto ezilixabiso nokuziphatha okuziswa ngabafundi egumbini lokufundela. Olu lwazi lunceda abafundisi-ntsapho ngesicwangciso seenkqubo zemfundo nemisebenzi yemfundo.

6.2 Uhlolo oluxilongayo

Olu hlobo lohlolo luxilonga ubume neentsusa zemiqobo yemfundo equbisana nabafundi abathile. Lulandelwa yinkokhelo, inkxaso efanelekileyo namaqhinga ongenelelo. Olu hlobo lohlolo luluncedo ekudluliseleni ngaphambili abafundi abadinga uncedo olukhethekileyo.

6.3 Uhlolo olwakhayo

Luhlola kwaye luxhasa inkqubo yokufundisa nokufunda. Injongo yalo kukumisela ukomelela nobuthathaka bomfundi nokubonelela ngengxelo nenkqubela phambili. Lunceda ngokumisela umfundi alungele uhlolo olushwankathelayo.

6.4 Uhlolo olushwankathelayo

Lunikeza umfanekiso opheleleyo nenkqubela phambili yomfundi ngalo naliphi na ixesha. Lusetyenziselwa ukugweba ukuba ingaba umfundi ukufanele ngokwaneleyo na ukuqhubela phambili kwinqanaba elilandelayo.

7 UKUCWANGCISELA UHLOLO

Isicwangciso sohlolo simele ukuquka iinkqubo ezintathu ezingundoqo:

7.1 Ukuqokelela ubungqina

isicwangciso sohlolo simele ukuqondisa ukuba zeziphi na iziphumo zezifundo neempawu zohlolo eziza kuvavanywa, iyeyiphi na imethodi okanye umsebenzi oya kusetyenziswa kwanokuba oku kuya kugqibeka nini na ku.

7.2 Ukurekhoda

Oku kubhekiselele kwezona zixhobo zohlolo ekulapho uhlolo luya kurekhoda khona. Oku kufuna ukuphuhlisa okanye ukulungiselela izixhobo zohlolo.

7.3 Ukwenza ingxelo

Bonke ubungqina bubekwa ndawonye ukuhambisa inkcazelo-sigqibo kwingxelo.

8 IIMETHODI ZOHLOLO

Oku kubhekiselele kulowo uqhuba uhlolo kwaye kuquka uhlolo lomfundisi-ntsapho, ukuzivavanya komfundi, uhlolo ngabalingane bomfundi nokuvavanywa liqela lakhe.

UHLOLO LUKAMFUNDISI-NTSAPHO	Umfundisi-ntsapho uvavanya umsebenzi wabafundi ngokuchasene neempawu ezinikiweyo kwimixholo eyahlukeneyo, umz. umsebenzi womfundi, weqela, njl.
UKUZIVAVANYA KOMFUNDI	Abafundi bavavanya umsebenzi ongowabo ngokuchasene neempawu ezinikiweyo kwimixholo eyahlukeneyo, umz. umsebenzi womfundi, weqela, njl.
UKUVAVANYWA NGABALINGANE	Abafundi bavavanya umsebenzi womnye nomnye umfundi okanye weqela labafundi ngokuchasene neempawu ezinikiweyo kwimixholo eyahlukeneyo, umz. umsebenzi womfundi, weqela, njl.
UKUVAVANYWA LIQELA	Abafundi bavavanya umsebenzi wabanye abafundi ngaphakathi eqeleni okanye uwonke umsebenzi weqela labafundi ngokuchasenen neempawu ezinikiweyo.

9 IZIXHOBO ZOKUQOKELELA UBUNGQINA

Bonke ubungqina obuqokelelwe ngezizathu zohlolo buqulethwe okanye burekhodwe kwiPotifoliyo yobuNgqina (PoE).

Itafile engaphantsi ishwankathela iintlobo-ntlobo zeemethodi nezixhobo zokuqokelela ubungqina. Umgangatho wokukhetha imethodi nesixhobo esithile ngowokuba simelwe kukunika abafundi amathuba aneleyo okubonisa ufikelelo lweziphumo zezifundo. Oku kuya kwenzeka kuphela ukuba iimethodi nezixhobo ezikhethiweyo zilifanele iqela ekujongwe kulo kwaye nesiphumo esithile siyavavanywa.

	IIMETHODI ZOKUQOKELELA UBUNGQINA		
	Okusekwe kulolongo (isakhiwo esincinane)	**Okusekwe kumsebenzi** (okunesakhiwo)	**Okusekwe kuhlolo** (isakhiwo esongezelelweyo)
Izixhobo zohlolo	• ulolongo • imibuzo yeklasi • Umfundisi-ntsapho, umfundi, iingxoxo zabafundi	• Imisebenzi enikeziweyo • iiprojekthi • Uphando • imisebenzi yezandla • imiboniso • ulinganiso lwendima • udliwano-ndlebe	• Iimviwo • Iimvavanyo zeklasi • Iimviwo zezandla • Iimvavanyo zomlomo • Iimvavanyo ezibhalwa kuvulwe iincwadi
Izixhobo zohlolo	• Amaphepha okululonga • Amanqakwana abafundi ngabanye • Amagqaba-ntshintshi	• Uludwe lwezinto zokukhangelwa • Izikali zolinganiso • iirubriki •	• amanqaku (emz.%) • izikali zolinganiso (1-7)
Ubungqina	• ingqwalaselo kubafundi ababodwa • ubungqina obusekeke kuluvo nengqwalaselo kamfundisi-ntsapho	**Obuvuleke embindini**: abafundi bavelisa ubungqina obunye kodwa ngeendlela ezahlukeneyo **Obuvuleke eziphelweni**: abafundi basebenzisa inkqubo enye ukufikelela kwiziphelo ezahlukeneyo.	Bonke abafundi baphendula imibuzo eminye ngendlela enye.

10 IZIXHOBO ZOKUVAVANYA UMSEBENZI WOMFUNDI

Izikali zolinganiso ziziinkqubo zokuphawula apho isimboli (enjengokusuka ku-1 ukuya ku-7) okanye uphawu (olunjengo-5/10 okanye 50%) luchazwe ngokuzeleyo kwinkcukacha. Inkcukacha ibaluleke njengenqaku elifihlakeleyo. Uphawu lwamandulo, uhlolo lusetyenziswa ikakhulu kwizikali zolinganiso ngaphandle kwenkcukacha, ngoko amagqaba-ntshintshi angokulungileyo nokungalunganga, kubuthathaka nokomeleleyo, ebengaveliswanga.

Izintlu zomsebenzi nezintlu zokukhangela ziindlela zokubonisa umfundi okudinga ukwenziwa. Ziquka iinkcazelo ezimfutshane ezichaza umsebenzi olindeleke kumsebenzi othile. Iinkcazelo ezikuluhlu lokukhangela zingaphawulwa xa umfundi eluzuze ngokwaneleyo uphawu. Izintlu zokukhangela nezintlu zomsebenzi ziluncedo kakhulu kwimisebenzi yohlolo lwabalingane okanye lweqela.

Iirubriki ziyihayirakhi (amanqanaba omgangatho) yeempawu ezinemilinganiso echaza inqanaba elincinane lomsebenzi owamkelekileyo wophawu ngalunye. Yindlela eyahlukileyo yohlolo kwaye ayinakuze ithelekiswe neemvavanyo. Uphawu ngalunye oluchazwe kwirubriki maluvavanywe ngokwahlukileyo. Iirubriki ziyamnyanzela utitshala ukuba azi ngenene ukuba yintoni na ebalulekileyo kwanokuchaza umlinganiselo wokuba liyintoni na inqanaba elincinci elamkelekileyo lokufikelela. Zimbini iintlobo zeerubriki, umz. eziqukayo nezohlalutyo, ezisetyenziswa ngokungundoqo.

11 UKUKHETHA KUNYE/OKANYE UKUYILA IINKQUBO ZOKUREKHODA NOKUNIKA INGXELO

Ukhetho okanye uyilo luxhomekeke kwinjongo yokurekhoda nokunika ingxelo yomzamo womfundi. **Kutheni** ulwazi oluthile lurekhodwa kwanokuba imo yerekhodi isisiseko esibaluleke **njani** na sokukhetha isixhobo?

Iinkqubo ezisekwe kwikhompyutha, umz. ii-'spreadsheets' zonga imali nexesha. Ukhetho lwenkqubo yokurekhoda lumele ukusekwa kwinto yokuba inkqubo isebenziseka lula na nokuba ulwazi lufikeleleka

kwaye lukhupheka ngokulula. Kwimfundo noqeqesho lomsebenzi kubalulekile ukurekhoda umzamo womfundi ngokwemigagangatho yodidi lwazo zonke

ii-ETQAs.

12 IINKCAZELO ZOFANELEKO

Ngokuhambelana nemithetho-siseko nenkqubo yohlolo olusekeke kwiziphumo, lonke uhlolo lumel' ukukhangela kuphawu ngokusisiseko. Amanqaku, nangona kunjalo, angasetyenziswa ekuvavanyeni imisebenzi ethile yohlolo, kodwa imisebenzi imel' ukuvavanywa ngokuchaseneyo neerubhiki endaweni yokuphawula nje iimpendulo ezilungileyo nokunikeza amanqaku ngokwenani leempawu. Iirubhiki zimel' ukuqulatha izichazi ezifanelekileyo zenqanaba lezakhono, ulwazi, ukuziphatha nezinto ezilixabiso umntwana anokuzibonakalisela umzamo kwinqanaba ngalinye lesikali solinganiso.
Xa abafundisi-ntsapho/abavavanyi belungisa umsebenzi/umbuzo wohlolo, bamelwe kukuqinisekisa ukuba umsebenzi/umbuzo uyalivakalisa isolotya lesiphumo sesifundo. Iimpawu ezifanelekileyo zohlolo mazisetyenziswe ekudaleni irubriki yokuvavanya umsebenzi/umbuzo. Iinkcazelo zilibonisa ngokucacileyo ukuba liyintoni na inqanaba elincinane lofikelelo kudidi ngalunye olukwisikali solinganiso.

13 AMAQHINGA OKUQOKELELA UBUNGQINA

Inani lezixhobo ezahlukileyo zohlolo zinokusetyenziselwa ukuqokelela nokurekhoda ubungqina. Le ilandelayo yimizekelo yezixhobo ezinoku(lungiswa kwaye)setyenziswa egumbini lokufundela.

13.1 Amaphepha okurekhoda

Ngelixa abafundi basebenzayo, umfundisi-ntsapho wenza ulolongo ngendlela abasebenza ngayo abafundi eqeleni. Ulolongo luyarekhodwa kwitafile yoshwankathelo ekupheleni kweprojekthi nganye. Iphepha lokurekhoda lungayilwa ngohlobo lokuba lusetyenziswe ngumfundisi-ntsapho ekuqapheleni izakhono zabafundi zophenduphendulwano nezokusombulula iingxaki, ukuziphatha emsebenzini weqela, kwanenxaxheba yabo ngexesha lomsebenzi weqela.

13.2 Izintlu zokukhangela

Izintlu zokukhangela zineendidi ezicacileyo zokuqinisekisa ukuba imigomo ihlangatyezwa ngokuchanekileyo. Iindidi zimelwe kukuchaza ukuba imisebenzi ivavanywa njani na kwanokuba ivavanywa ngokuchasene naziphi na iimpawu. Isithuba samagqaba-ntshintshi sibalulekile.

ICANDELO C: UHLOLO KWISISEKO - ULWIMI

1 INKQUBO YOHLOLO

Kumanqanaba 2, 3 nele-4 e-NQF abafundisi-ntsapho baya kuqhuba iimvavanyo mihla yonke kwanokuphuhlisa inkqubo yeemvavanyo eziseburhulumenteni eziya kuthatyathwa unyaka wonke. Onke la manqanaba mathathu aya kuba noviwo lwangaphandle oluya kubalelwa ama-75% amanqaku ewonke. Amanqaku awabelwe kwimisebenzi yohlolo agqitywe ngexesha lonyaka, aqulathwe kwaye arekhodwe kwiPotifoliyo yobuNgqina (PoE) aya kubalelwa amanye ama-25%.

(Qaphela: kwimeko yeZiseko ezithathu ulwabiwo lungama-75% ohlolo lwangaphandle kunye nama-25% e-PoE.)

I-PoE nohlolo lwangaphandle ziya kuquka umdibaniso wokwenziwa ngezandla nethiyori/okubhaliweyo. Uhlolo olwenziwe ngezandla, apho kuyimfuneko khona, eluLwimini, malube phantsi kwenkqubo yokuhlolwa ngaphandle eqhutywa ngu-Umalusi okanye nayiphi na i-ETQA efanelekileyo, egunyaziswe liBhunga lika-Umalusi elilelale njongo ngokwecandelo *lama-28(2) kumthetho weMfundo Gabalala neYongezelelweyo neSiqinisekiso soMgangatho woQeqesho wonyaka wama-2001*, *2001 (uMthetho wama-58 kunyaka wama-2001)*.

2 UKUREKHODA NOKUNIKA INGXELO

ULwimi, njengoko kunjalo kuzo zonke ezinye izifundo zeSiseko, luya kuvavanywa ngokwamanqanaba asixhenxe omfaneleko. Inkcazelo yenqanaba ngalinye iqulathwe kwitafile engaphantsi.

ISikali seNzuzo yeSolotya leSiseko:

IKHOWUDI YOLINGANISO	ULINGANISO	AMANQAKU%
7	Ubalasele	80 – 100
6	Ufanele ukuvuzwa	70 – 79
5	Wenze kakuhle	60 – 69
4	Wenze ngokwaneleyo	50 – 59
3	Wenze ngokuphakathi	40 – 49
2	Wenze ngokuphantsi	30 – 39
1	Akazuzanga	0 – 29

Inkqubo yohlolo mayirekhodwe kwiPotifoliyo kamfundisi-ntsapho yohlolo lwabafundi kwisifundo ngasinye. Oku kulandelayo makuqukwe kwiPotifoliyo yoHlolo kaMfundisi-ntsapho:

- iphepha lemixholo
- INkqubo esesikweni yoHlolo
- Izixhobo ezisetyenziselwa umsebenzi ngamnye wohlolo
- Izixhobo sokurekhodela umsebenzi ngamnye wohlolo
- Iphepha lamanqaku nengxelo yomsebenzi ngamnye wohlolo.

I-College mayijonge ekuqinisekiseni ukubekwa emgangathweni kwala maxwebhu.

I-PoE yomfundi mayiquke:

- Iphepha lemixholo
- Imisebenzi yohlolo eyabiwe ngokweNkqubo yoHlolo
- Izixhobo ezisetyenziselwa ukulawula uhlolo
- Irekhodi yamanqaku (namagqaba-ntshintshi) ezuzelwe imisebenzi ngaminye.

Apho imisebenzi ingenakuguqulwa njengobuNgqina obukwi-PoE, eyona ndawo yabo mayirekhodwe kwaye ilungele ukufumaneka kule ndawo yabo ngezizathu zokuhlolwa.

Amacandelo alandelayo ohlolo lwangaphakathi makasebenze njengesikhokelo kulwimi lwesifundo sesiseko. Ezi ziimfuneko ezincinane.

Imisebenzi yoHlolo emayiqukwe kwi-POE yeNqanaba 4 yile:

UKUMAMELA NOKUTHETHA
1. Ezi mpawu zilandelayo zokumamela nokuthetha zidinga ukuqukwa njengobungqina: • Iintetho ezisesikweni • Iintetho – eziqwalasela kunyanzelo, enye engoncwadi lomlomo. • Iingxoxo-mpikiswano kunye/okanye ingxoxo yeqela labantu eqwalasela iingxoxo nezimvo • Inxaxheba kuqhagamshelwano lweqela kunye/okanye ukunika ingxelo. 2. Uhlolo lwethiyori oluqukwe kwiphepha langaphakathi loviwo lukaJuni.
UKUFUNDA NOKUBONA
1. Ezi mvavanyo zilandelayo zidinga ukuqukwa njengobungqina: • Imisebenzi enikeziweyo, umzekelo amaphepha okusebenzela okanye iiprojekthi ezingobhalo olubonwayo, iindlela zoqhagamshelwano ezingathethwayo, imixholo yoncwadi • Iimvavanyo zethiyori, umzekelo iimvavanyo zesicatshulwa okanye uhlolo loncwadi 2. UHlolo lwethiyori oluqukwe kwiphepha langaphakathi loviwo lukaJuni.

UKUBHALA NOKUBA SISITHETHI
1. Ezi mvavanyo zilandelayo zidinga ukuqukwa njengobungqina: • Uphando olubanzi olusekwe kwimisebenzi enikeziweyo yobhalo apho umsebenzi onikeziweyo uthwele ama-80% wemisebenzi ekudingeka ibhaliwe. ▪ Omnye ongobhalo ***lweleta*** (eyomntu okanye ephathelelene nomsebenzi) ▪ Omnye ***ungokubhalela oonondaba neenjongo zonyanzeliso*** (*ukubhala izindululo, izaziso zentengiso, izaziso zentengo ezihleliweyo nezibonwayo, izincoko ezixoxayo nezigwegwelezayo, iileta eziya kubashicileli, amanqaku eletandaba, imagazini okanye iphephandaba, amaphepha abhalelwe umdlalo namabali*) ▪ Omnye ***ungobhalo lobuchule nokubhala ngenjongo ethile engqondweni*** (oluchazayo, olugwegwelezayo, oluxoxayo, olubalisayo, olunobunyaniso, izincoko zobunzululwazi, iimemo; iifeksi; uguqulo loluhlu olubanzi lolwazi ukusuka kolunye ukuya kolunye ulwazi, njengegrafu ukuya kwimihlathi; nee-imeyili.) ▪ Omnye ***ngeengxelo neentlanganiso*** • Imisebenzi yohlelo 2. UHlolo lobhalo oluqukwe kwiphepha langaphakathi loviwo lukaJuni njengephepha elahlukeneyo.
UKUSETYENZISWA KOLWIMI
1. Ezi mvavanyo zilandelayo zidinga ukuqukwa njengobungqina: ▪ umsebenzi onikiweyo omele uquke uphando nengxelo ekunye nentetho. ▪ iimvavanyo zegrama ▪ umsebenzi apho amaqhinga okufunda noqhagamshelwano arekhodwe khona, njengemephu yengqondo, umsebenzi nenxaxheba yeqela, ukungeniswa kobungqina bepotifoliyo, ukucwangcisela ingqesho okanye imfundo yobomi obude. 2. UHlolo lwethiyori oluqukwe kwiphepha langaphakathi loviwo lukaJuni.

UHLOLO LWESIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

INQANABA 4

3 UHLOLO LWANGAPHAKATHI LWEZIPHUMO KULWIMI – UMGANGATHO 4

Isihloko 1: Ukuphulalaphula nokuthetha

IZIPHUMO SESIFUNDO	
1.1 Ukuhlalutya nokulungelelanisa imiyalezo neempendulo kokuthethwayo ukuqhuba yababini nonxibelelwano jikelele.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Imiyalezo neempendulo ziyaphononongwa zilungelelaniselwe ukufikelela kwabaphulaphuleyo, injongo nomxholo.	• Ukwakha imiyalezo nokuyilungelelanisa neempendulo ukwenzela utshintshiselwano ngolwazi, iimbono neengcinga esebenzisa iindlela ngeendlela zonxibelelwano noqhagamshelwano ngomlomo ukulungiselela isiqu sakhe, ukuhlala neenjongo ezingqamene nomsebenzi. *Iinkalo ngeenkalo: Iimeko neenjongo zomntu, zokuhlala nezinxulumene nomsebenzi ziquka kambe zingaphelelanga ekucengeni, ekuqinisekiseni nasekuqononondiseni nasekugqaleni amanqaku engxoxo, ukuvakalisa izimvo, intengiso, ingxoxo yeqela, ukuthetha-thethana, ukusombulula impixano, izakhono nobuchule bokuqhuba udliwanondlebe, ukuthetha esidlangalaleni nokuqhuba incoko.*
IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: Lincoko zababini, zeqela neengxoxo zeephaneli, imidlalo-milinganiso, udliwanondlebe, iintetho ezisesikweni kunye neentlanganiso. **Kulindeleke ukuba abafundi:** • Baxoxa bavakalise izimvo zabo. • Bakwazi ukuqhuba incoko jikelele nencoko yababini ngokufanelekileyo kwiimeko ezahlukeneyo zokuphila nezokuhlala kunye nezomsebenzi ngokutshintshiselana nokunikana amathuba kunye nokuzalisa izithuba ezishiyiweyo. • Basebenzisa iindlela ngeendlela ezahlukeneyo zokuthetha nokuzazisa balungiselele neemeko ezisesikweni. • Bakwazi ukukhombisa indlela nokunika imiyalelo ngokuchanekileyo. • Ukwenza izicelo nokwenza okuceliweyo, ukubulela, Kwa nokusebenzisa intetho efanele nelungele imeko ethile. • Bandlale umcimbi, baxoxe. • Bavakalise izimvo neembono zabo ngokuzithemba. • Bakwazi ukubamba udliwanondlebe olundidi-ndidi lweenjongo ezahlukeneyo nabo bakwazi ukuba ngabadliwandlebe. • Babonakalise izakhono zokuthetha esidlangalaleni. • Basebenzise izakhono zothethathethwano ukuze bafikelele esigqibeni. • Bathathe inxaxheba kwiingxoxo zeephaneli, ezingxoxweni jikelele, kwiiforamu, nasezintlanganisweni ezisesikweni, belandela iindlela neenkqubo ezivumelekileyo. • Babonakalise isakhono sokukwazi ukuthengisa uluvo ngenjongo yokukhuthaza ukuthengwa kwento.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Uyakwazi ukuhlalutya nokugocagoca izicatshulwa, isizindlo, inyani nezimvo neembono jikelele xa kuyimfuneko naxa kufuneka enike intsingiselo ecacileyo, akabi nakhethe yaye uyakwazi ukugcina unxibelelwano	• Uyakwazi ukuhlalutya nokugocagoca izicatshulwa, isizindlo, inyani nezimvo neembono jikelele xa kuyimfuneko naxa kufuneka enike intsingiselo ecacileyo, akabi nakhethe yaye uyakwazi ukugcina unxibelelwano.

<table>
<tr><th colspan="2">IMISEBENZI YOHLOLO</th></tr>
<tr><td colspan="2">Izixhobo zohlolo:
Iingxoxo ngezihloko ezithile, iforamu, iingxoxo zeephaneli kunye nemisebenzi enikwe iqela
Kulindeleke ukuba abafundi:
• Bahlule ngokuchanekileyo phakathi kwezinto zokwenyani neembono nje,
• Bazixoxele izimvo neembono zabo bezixhasa ngezinto eziqinisekisiweyo eziyinyaniso.
• Bayahlule ngokufanelekileyo intsingiselo ekhankanywe ezicatshulweni kwizinto ezicingelwa nje zingaxhaswa nto, ukucacisa, ukucela umngeni nokuphendula ngokufanelekileyo.
• Bakwazi ukuluqaphela ulwimi olunemvakalelo, olunekhethe, olungcikivayo, ingcinga engeyiyo noluvo olungelulo, uphenjelelo lweenjongo ezithile, intengiso nencoko yababini enentsingiselo.
Iinkalo ngeenkalo: Ukuba nekhethe kuquka ukungcikiva ngokwenkcubeko, inkolo, ucalucalulo, ubuhlanga, ikhethe ngokwesini nangobudala.</td></tr>
<tr><th>IMIGANGATHO YOKUHLOLA</th><th>IZIPHUMO ZESIFUNDO</th></tr>
<tr><td>• Indlela yokuthetha, ithoni namagama asetyenziswayo ayaphononga alungelelaniselwe imeko nenjongo kunye nokuthintela ukusebenzisa ulwimi oluqinileyo, lokungaqiqi olunjongo-nye.</td><td>• Ukuphononga nokulungelelanisa imeko nenjongo kunye nokuthintela ukusebenzisa ulwimi oluqinileyo, lokungaqiqi olunjongo-nye.</td></tr>
<tr><th colspan="2">IMISEBENZI YOHLOLO</th></tr>
<tr><td colspan="2">Izixhobo zohlolo:
Lincoko zababini, zeqela neengxoxo zeephaneli, imidlalo-linganiso, udliwanondlebe, iintetho ezisesikweni kunye neentlanganiso
Kulindeleke ukuba abafundi:
• Bazazi izinto ezizizithintelo zonxibelelwano eziba nefuthe kwintsingiselo ekujoliswe kuyo, bakwazi ukuzithintela xa benxibelelana nabanye.
Iinkalo ngeenkalo: Izithintelo zibhekisa kwizinto neembonakalo (yangaphandle), ungcikivo lwabanye lwengqondo (ngokwentsukaphi, imfundo, ubukrelekrele, umsebenzi abawenzayo, iindlela abazonwabisa ngazo, izidingo zabo, uluvo, ubudala, isini, inkcubeko, amasiko nezithethe, inkolo, ingcingane etenxileyo), ukuzicingela nokwayamanisa izinto ezithile neentsingiselo ezithile
• Bachaze indlela yokuthetha kwesithethi (sisebenzisa ulwimi olusesikweni, ilizwi licacile), ithoni imnandi, uxinzelelo lwamagama yaye nezangotshe zaso zenza ukuba umphulaphuli aqonde.
• Bachaze ukuba abaphulaphuli kunye neenjongo zidlulisa imiyalezo neempendulo ezinjani na.
• Basebenzise indlela yokuthetha efanelekileyo, ithoni emnandi, uxinzelelo lwamagama nezangotshe xa bedlulisa umyalezo neempendulo kwiimeko zokuhlala nezinxulumene nomsebenzi.
Iinkalo ngeenkalo: Izangotshe ziquka upelo nokubizwa kwamagama, ulwimi olwamiselwa ngokusesikweni, imvakalo-zwi efanelekileyo, uxinzelelo/ ubethelelo, isingqi, uphinda-phindo, ubunzulu bovakalelo, uphumlo, ingcaciso, ukusebenzisa umzimba nezandla.</td></tr>
<tr><th>IMIGANGATHO YOKUHLOLA</th><th>IZIPHUMO ZESIFUNDO</th></tr>
<tr><td>• Ulungiselelo lweyantlukwano lwenkcubeko iyabonakaliswa xa kuchazwa futhi kuxoxwa phezu kwezicatshulwa ezicela umngeni, inyani, izimvo neembono jikelele xa kufanelekile ukucacisa intsingiselo, ukungabi nakhethe nokwazi ukugcina unxibelelwano.</td><td>• Ukubonakalisa ulungiselelo lweyantlukwano lwenkcubeko iyabonakaliswa xa kuchazwa futhi kuxoxwa phezu kwezicatshulwa ezicela umngeni, inyani, izimvo neembono jikelele xa kufanelekile ukucacisa intsingiselo, ukungabi nakhethe nokwazi ukugcina unxibelelwano.</td></tr>
</table>

IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: Lincoko zababini, zeqela neengxoxo zeephaneli, imdlalo-milinganiso, udliwanondlebe, iintetho ezisesikweni kunye neentlanganiso. **Abafundi kulindeleke ukuba :** • Baphonononge iingxoxo nezizindlo, bahlule naphakathi kwenyani noluvo nje. • Baluthethelele ngokunika imizekelo eyinyani iluvo lwabo neembono zabo. • Bahlule phakathi kwentsingiselo noluvo nje olucingelayo, bacele umngeni okanye baphendule ngokufanelekileyo. • Balwazi ulwimi olusekeleze kwinjongo ethile engcikivayo, enomkhethe necalulayo, ethengisa uluvo oluthile oluqinileyo olungaqiqanga nokubamba incoko yababini enenkqubela. *Iinkalo ngeenkalo: Umkhethe ophuhliswa ngokucalula ngokwenkcubeko, inkolo, ubuhlanga, isini, ubume basekuhlaleni nobudala. Bacacisa ukuba intsingiselo ingatenxa ngokusebenzisa nokubandakanya okanye ukungabandkanyi izinto nolwazi oluthile.* *Izithintelo zibhekisa kwizinto neembonakalo (yangaphandle), ungcikivo lwabanye lwengqondo (ngokwentsukaphi, imfundo, ubukrelekrele, umsebenzi abawenzayo, iindlela abazonwabisa ngazo, izidingo zabo, uluvo, ubudala, isini, inkcubeko, amasiko nezithethe, inkolo, ingcingane etenxileyo), ukuzicingela nokwayamanisa izinto ezithile neentsingiselo ezithile* • Baphonononge unxulumano nozalano phakathi kolwimi nenkcubeko kunye nobungangamsha namandla.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Ukuzithemba okubonakaliswa ngeempendulo ezinikwayo kwizimvo ezichasayo nezahlukileyo.	• Ukubonakalisa ukuzithemba ngeempendulo ezinikwayo kwizimvo ezichasayo nezahlukileyo.
IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: Limviwo nohlolo olunemibuzo egqale emxholweni, imisebenzi yeqela, iincoko zababini, iingxoxo zeephaneli/zeforamu okanye zeqela, iingxoxo zezihloko ezithile, imidlalo-linganiso, udliwanondlebe neentlanganiso. **Kulindeleke ukuba abafundi:** • Bahlule phakathi kwamnqaku angundoqo naxhasayo, iinkcukacha ezingundoqo nezingabalulekanga kuyaphi. • Babonakalise ukuqonda iimvakalelo, izimvo neembono zesithethi okanye zothethayo. • Bavakalise izimvo neembono zabo ngokuvakaliayo nangokucacileyop, bengasebenzisi lulwimi lungcikivayo, luuchukumisayo. • Bakwazi ukubamba uthetha-thethwano olunempumelelo.	

IZIPHUMO SESIFUNDO	
1.2 Ukukhumbula, ukuthelekelela nokuphononononga ulwazi lwentetho yomlomo, ukuhlaba amadlala nokuhlalutya ngokwakhayo.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Iinkcukacha, izimvo nomyalezo ongundoqo noxhasayo, neenkcaza zichongwe kakuhle zahlalutywa ngokweemeko ezahlukeneyo zezicatshulwa okanye iintetho zomlomo, ezingabhalwanga. *Iinkalo ngeenkalo: Izithintelo zibhekisa kwizinto neembonakalo (yangaphandle), ungcikivo lwabanye lwengqondo (ngokwentsukaphi, imfundo, ubukrelekrele, umsebenzi abawenzayo, iindlela abazonwabisa ngazo, izidingo zabo, uluvo, ubudala, isini, inkcubeko, amasiko nezithethe, inkolo, ingcingane etenxileyo), ukuzicingela nokwayamanisa izinto ezithile neentsingiselo ezithile.*	• Ukuqaphela nokuhlalutya iinkcukacha, izimvo ezingundoqo nezixhasayo, neenkcaza ngokuchanekileyo kwiimeko ezahlukeneyo zokuthethwayo. *Iinkalo ngeenkalo: Izithintelo zibhekisa kwizinto neembonakalo (yangaphandle), ungcikivo lwabanye lwengqondo (ngokwentsukaphi, imfundo, ubukrelekrele, umsebenzi abawenzayo, iindlela abazonwabisa ngazo, izidingo zabo, uluvo, ubudala, isini, inkcubeko, amasiko nezithethe, inkolo, ingcingane etenxileyo), ukuzicingela nokwayamanisa izinto ezithile neentsingiselo ezithile*

IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: • Amanqaku, ubhalo ngamanye amazwi, imisebenzi yabanye ngabanye okanye uphando-lwazi lwabanye ngabanye. • Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokuFunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba. **Kulindeleke ukuba abafundi:** • Babhale ingxelo yamanqaku angundoqo naxhasayo. • Bathathe amanqaku, baqinisekise, babhale izicatshulwa ngamanye amazwi angawabo benze nezishwankathelo. • Babalise yaye bacacise abakuvileyo. • Bathobele imiyalelo, benze njengoko bekhonjisiwe. • Bancome bakhuthaze. • Baphulaphule yaye baphendule imibuzo efuna ingcaciso ngokucacileyo.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Amacebo athile asetyenziswa ukuqinisekisa nokucacisa intsingiselo ekujoliswe kuyo yokubhaliweyo. *Iinkalo ngeenkalo: Amacebo lawo aquka imibuzo, ukulandelelanisa iziganeko, ukuqaphela nokukhetha ukufana nokwahluka kwezinto, ukuphawula nokukhetha unobangela nefuthe, ukushwankathela nokuphawula oyena mongo wokuthethwayo, ukubeka ngamanye amazwi nokuphinda-phinda.*	• Usebenzisa amacebo athile ukuqinisekisa nokucacisa intsingiselo ekujoliswe kuyo yokubhaliweyo. *Iinkalo ngeenkalo: Amacebo lawo aquka imibuzo, ukulandelelanisa iziganeko, ukuqaphela nokukhetha ukufana nokwahluka kwezinto, ukuphawula nokukhetha unobangela nefuthe, ukushwankathela nokuphawula oyena mongo wokuthethwayo, ukubeka ngamanye amazwi nokuphinda-phinda.*
IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: Lincoko zababini, imdlalo elinganiswayo, imisebenzi ebhalwayo okanye yophando-lwazi, izishwankathelo kunye inkcazelo-ntetho. **Kulindeleke ukuba abafundi:** • Bakhe imibuzo engqamene nomxholo. • Baphendule imibuzo ngokufanelekileyo. • Balandelelanise iziganeko okanye banike iinkcukacha ezilandelelanayo ngokuchanekileyo. • Bachaze izinto ezifanayo bachaze nomahluko. • Banike izikhokelo ezikhuthazayo ezinjengokunqwala, ukuvungama, ukujonga ntsho emehlweni, imbonakalo yobuso, ukubamba, ithoni yelizwi. • Bashwankathele okanye babeke intetho ngamanye amazwi bechaza umongo wokuthethiweyo. • Baphinda-phinde yaye bablise iingxoxo-mpikiswano, izimvo nembono ezivakalisiweyo noyena mxholo ukubonakalisa ukuba bakuqondile ebekuthethwa.	

IZIPHUMO SESIFUNDO	
1.3 Usebenzisa amacebo athile okuthetha nokuphonononga intetho yomlomo kwiimeko ezahlukeneyo.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Iimpawu zesithethi zokusebenzisa ulwimi, indlela yokuthetha nethoni zihlalutywa zicaciselwa ukuqhiphula umxhelo wabaphulaphuleyo neemvakalelo zabo.	• Uhlalutya iimpawu zesithethi zokusebenzisa ulwimi, indlela yokuthetha nethoni, zicaciselwa ukuqhiphula umxhelo wabaphulaphuleyo neemvakalelo zabo. • Ulwimi lobuciko luthetha ukusebenzisa, izafobe nezici, umfanekiso-ntekelelo nemizekeliso (izifaniso, izikweko, isimntwiso, izigaba zentetho), imfano-zandi, isifanadumo, izikhamiso ezifanayo, isingqisho nemvano-siphelo, intetho yokukhuthaza, ukuphembelela (utsalelo kwicala elingathi lingaphumelela, isingqini, ubaxo nobabazo, imibuzo emifutshane etsolileyo, ugqithiselo, uphinda-phindo, amagama avusa umnyele, izihlekiso, ukugqebela, ukugwexa, ukuphoxa, ukukhwenca, ukuchwisha nokuhlaba amadlala.

IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: Lintetho ezisesikweni nezingekho sesikweni. Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokuFunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba. **Kulindleke ukuba abafundi:** • Bakhethe indlela eyiyo nefanelekileyo yokuthetha, amagama awamkelekileyo, nobuciko obuphlulileyo kwiimeko ezithile ngeengongo ezithile. • Bachaze yaye bakhusele indlela abakhethe ngayo amagama abawasebenzise entethweni yomlomo. • Babonakalise ukutyhileka kwengqondo ngokuphathelene nemiba eyahlukileyo yenkcubeko bethintela ukusebenzisa ulwimi oluthintela unxulumano nonxibelelwano olunempumelelo, umkhethe nongcikivo. • Banike iingxelo ngendlela yezinye izithethi yokusebenzisa ulwimi. • Banike ezinye izithethi ingxelo ebonakalisa intlonipho nentlonelo yezimvo neembono zabanye ezahlukileyo.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Izangotshe zomzimba ziyaphononongwa zisetyenziswe ngokufanelekileyo zilungele imeko, injongo nomxholo. *Iinkalo ngeenkalo: Izangosthe zomzimba ziquka ukusebenzisa ulwimi, upelo oluchanekileyo, ubizo lwamagama oluchanekileyo, ucinezelo, imvakalozwi, isingqi, uphumlo, ukuhlanganisa amehlo, ukuma, iimpawu zezandla.*	• Uphonononga ukusetyenziswa kwezangotshe zomzimba nolwimi olufanelekileyo ngokufanelekileyo zilungele imeko, injongo nomxholo. *Iinkalo ngeenkalo: Izangotshe zomzimba ziquka ukusebenzisa ulwimi, upelo oluchanekileyo, ubizo lwamagama oluchanekileyo, ucinezelo, imvakalozwi, isingqi, uphumlo, ukuhlanganisa amehlo, ukuma, iimpawu zezandla.*
IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: Intetho ezisesikweni nezingekho sesikweni, iimviwo nohlolo olunemibuzo egqale emxholweni. Iintetho ezisesikweni **Kulindeleke ukuba abafundi:** • Bachaze iindlela ezithile ezingathethwayo zokuhambisa imiyalelzo ethile. • Babonakalise ukubaluleka kokusebenzisa izangotshe zomzimba xa kuwiswa iintetho zomlomo.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Ubuchule bokuphanda ulwazi zisetyenziswa ukuceba nokulungisa intetho eza kwandlalwa.	• Uceba alungiselele ukuwisa intetho yomlomo ngokusebenzisa ubuchule bokuphanda ulwazi.
IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: Lintetho ezisesikweni nezingekho sesikweni. Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokuFunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba. **Kulindeleke ukuba abafundi:** • Benze uphando-lwazi besebenzisa izixhobo ezahlukeneyo, umzekelo, uthelekiso, I-intanethi newebsayithi yolwazi, udliwanondlebe nokucela iingcebiso. • Bacwangcise ulwazi ngendlela ecacileyo elindelekileyo. • Balungise iintetho zabo zomlomo bebhale iintshayelelo, iinkcaza neziphethelo ezifanelekileyo.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Ubuchule bokuthetha buyaphunyezwa buphononongelwe ukulungela ukuthethwa kwiimeko ezahlukeneyo nokuhambisa imiyalezo ekujoliswe kuyo. ***Iinkalo ngeenkalo:*** *Obu buchule buquka ubume nokucwangciswa komxholo, uluvo, ukuphawula injongo nodidi lwabaphulaphuli, uvakalelo, ukhetho lolwimi olungacikivi, intetho efanelekileyo, ubuciko, isihlekiso nokusebenzisa umzimba.*	• Uphononongа abonakalise usetyenziso lobuchule bentetho kwiimeko ezahlukeneyo nokudlulisa imiyalezo ejolisiweyo engqalileyo. ***Iinkalo ngeenkalo:*** *Ubuchule obu buquka ubume, ulwakhiwo nocwangciso lomxholo, uluvo, ukuphawulwa kwenjongo, udidi lwabaphulaphuli, uvakalelo, ukhetho lolwimi olungacikivi, intetho efanelekileyo, ubuciko, isihlekiso nokusebenzisa umzimba.* ***Iinkalo ngeenkalo:*** *Izixhobo zokuncedisa ukuphuhlisa umongo nenjongo zibandakanya iitshati, iiposta, amafoto, imizekeliso, iimodeli, ikhompyutha, umculo nezinye izixhobo ezikhupha isandi nezinye iindlela zokuphuhlisa loo nto kuthethwa ngayo.*

IMISEBENZI YOHLOLO
Izixhobo zohlolo: Lintetho ezisesikweni nezingekho sesikweni. Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokuFunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba **Kulindeleke ukuba abafundi:** • Bacebe bacwangcise iintetho zabo zomlomo bephuhlisa ubuchule ababusebenzise kwiiNkalo ngeeNkalo.

IZIPHUMO SESIFUNDO	
1.4 Ukuphononongа ukusetyenziswa kolwimi ngokwegrama kunxibelelwano ngomlomo.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Iziseko zegrama zisetyenziswa ngokuchanekileyo entethweni yomlomo. ***Iinkalo ngeenkalo:*** *Igrama iquka ubumbo-zivakalisi, izigaba zentetgho, amaxesha, izivumelanisi, isixando sokwenza nesokwenzela, intetho ngqo nengxelo-ntetho, ulandelelwano lwamagama namagatya oxhomekeko.*	• Usebenzisa iziseko zegrama ezichanekileyo xa egqithisa imiyalezo okanye iimpendulo. *Iinkalo ngeenkalo: Iziseko zegrama* ▪ *Ubumbo-zivakalisi okanye isintaksi – iimpawu zesivakalisi, izivakalisi ezilula, izivakalisi ezinzulu, ulwandiso noxando lwezivakalisi, ukwahluka kwezivakalisi, ukuphungulwa kwezivakalisi namagatya* ▪ *Izigaba zentetho – izibizo, izenzi, iintsizasenzi, iziphawuli nezibaluli, izihlanganisi, izimelabizo, izimaphambili nezisekelo ezifanelekileyo* ▪ *Amaxesha – elidlulileyo, elangoku, elizayo.* ▪ *Izivumelanisi,* ▪ *Isixando sokwenza nesokwenziwa* ▪ *Intetho ngqo nengxelo-ntetho* ▪ *Amabinzana oxhomekeko.*
IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: Limviwo nohlolo olunemibuzo egqale emxholweni, imisebenzi yophando-lwazi nepprojekthi. Iintetho ezisesikweni nezingekho sesikweni. Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokuFunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiziko elinguVimba woLwazi noweeNdaba (Resource and Media centre). **Kulindeleke ukuba abafundi:** • Bakhe izivakalisi ezilandelekayo, balungise ezo zivakalisi zingakhiwanga namagatya angakhiwanga ngandlela • Basebenzise izivakalisi namagatya belandela igrama ngokufanelekileyo.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Isigama sakhiwe sandiswa ngokuzekelisa intsingiselo ngemizekeliso esemxholweni.	• Wakha andise isigama ngokuzekelisa intsingiselo ngemizekeliso esemxholweni.
IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: Limviwo nohlolo olunemibuzo egqale emxholweni, imisebenzi yophando-lwazi nepprojekthi. Iintetho ezisesikweni nezingekho sesikweni. Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokuFunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba. **Kulindleke ukuba abfundi:** • Baphuhlise izakhono zolwimi ngokusebenzisa igrama nobumbo-zivakalisi okanye isintaksi, iingcambu zamagama, izimaphambili nezigqibelo ukuzekelisa intsingiselo. • Baphawule bahlalutye indlela ulwimi oluboleka ngayo kolunye okanye kwezinye iilwimi amagama, ukutshintsha kwentsingiselo yamagama ngokuhamba kwamaxesha, nokwakha amagama amatsha. • Bachaze indlela iimpawu zentetho eziziphuhlisa ngayo iipateni ezibonisa ukucingisisa, umxulumano nozalwano kunye nemizekeliso ephuhlisa intsingiselo. ***Iinkalo ngeenkalo:*** *Iipateni nonxulumano nozalano luquka unobangela negalelo lakhe, inyani noluvo, ingxoxo nenkxaso-luvo, ulandelelwaniso lweziganeko, uthelekiso nochasaniso, imibuzo neempendulo, ubethelelo nodweliso*. • Bahlule phakathi kwentsingiselo-zwi yesibini. • Baphulaphulisise begqalile.	

IMIGANGATHO YOKUHLOLA	IZIPHUMO ZESIFUNDO
• Ubizo nengcaciso-mazwi nesigama siqwalaselwa siphononongelwe usetyenziso ngendlela efanelekileyo. *Iinkalo ngeenkalo: Ubizo nengcaciso-mazwi nesigama ziquka ulwimi olusetyenziswa kwwindawo ezahlukeneyo, amagama amatsha nabolekwe kwezinye iilwimi, amaqhalo nezaci, ulwimi lwengingqi, amagama angobugcisa obuthile, isigama esintsokothileyo esingangavakali kwabanye abantu, ulwimi olungangcikiviyo, ulwimi lwentelekelelo nolwezafobe.*	• Ugweba usetyenziso nobizo- nengcaciso-magama nesigama ngokufanelekileyo. *Iinkalo ngeenkalo: Ubizo nengcaciso-mazwi nesigama ziquka ulwimi olusetyenziswa kwwindawo ezahlukeneyo, amagama amatsha nabolekwe kwezinye iilwimi, amaqhalo nezaci, ulwimi lwengingqi, amagama angobugcisa obuthile, isigama esintsokothileyo esingangavakali kwabanye abantu, ulwimi olungangcikiviyo, ulwimi lwentelekelelo nolwezafobe.*
IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: Limviwo nohlolo olunemibuzo egqale emxholweni, imisebenzi yophando-lwazi nepprojekthi. Iintetho ezisesikweni nezingekho sesikweni. Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokuFunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba. **Kulindeleke ukuba abafundi:** • Bagwebe bachaze ngobizo- nengcaciso-magama ngokomxholo nenjongo. • Bahlalutye ukhetho nobizo-magama asetyenzisiweyo ukucacisa intsingiselo negalelo lwawo. • Bachaze indlela engajijwa ngabom ngayo intsingiselo ukulungiselela ukubandakanya okanye ukushiyelela ulwazi oluthile.	

Isihloko 2: Ukuphulaphula nokubona

IZIPHUMO ZESIFUNDO	
2.1 Ukusebenzisa amacebo okufunda ukuhlalutya okubhaliweyo, okusemifanekisweni nokungathethwayo njengeendlela zonxibelelwano.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Amacebo asetyenziswa ukuphumeza ukuhlalutya okubhaliweyo nokukubona ngeendlela ezahlukeneyo kukholiswa iinjongo ezahlukeneyo. *Iinkalo ngeenkalo: Amacebo la aquka izakhono zokongula nje phezulu nokusingasingisa, ukuphinda-phinda ukufunda, ukuqikelela nokuhluza, ukufunda ngobunzulu, ukusebenzisa imizekeliso, uhlobo lobhalo, iindidi-ndidi zezicatshulwa neempawu zazo.*	• Ukubonakalisa nokusebenzisa amacebo athile neendlela ezithile ezahlukeneyo zokufunda ngokugqalileyo nokuhlalutya okubhaliweyo okusemifanekisweni nokungathetwhayo njengeendlela-ndlela zonxibelelwano. *Iinkalo ngeenkalo: Amacebo la aquka izakhono zokongula nje phezulu nokusingasingisa, ukuphinda-phinda ukufunda, ukuqikelela nokuhluza, ukufunda ngobunzulu, ukusebenzisa imizekeliso, uhlobo lobhalo, iindidi-ndidi zezicatshulwa neempawu zazo. Qaphela: Iitekisi ezenziwe ngobuxhakaxhaka beteknoloji ziquka izixhobo eziphulaphulwayo nezibonwa ngamehlo njengeekhathuni kunye neetekisi zamaphepha e-intanethi*

<table>
<tr><th colspan="2">IMISEBENZI YOHLOLO</th></tr>
<tr><td colspan="2">Izixhobo zohlolo:
• Limviwo, uhlolo nemisebenzi yophando-lwazi inemibuzo egqale esicatshulweni.
• Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokuFunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba.
Kulindeleke ukuba abafundi:
• Bongule izicatshulwa ukufumana umxholo wokuthethiweyo opkanye wokubhaliweyo.
• Basingasingise bephawula awona manqaku angundoqo kokubhaliweyo okanye kokuthethiweyo ngokufunda izihloko, iintshayelelo, imihlathi yokuqala nezivakalisi zokuvula intetho.
• Bongule izicatshulwa bekhangela ulwazi oluthile olulodwa neenkcukacha ezixhasayo.
• Bafunde isicatshulwa kwangenx’ engaphambili ukulungiselela ukuqonda umongo.
• Baphinde basifunde isicatshulwa ukuqinisekisa ulwazi, amanqaku anyanisekileyo, izimvo ezikhankanyiweyo nenjongo.
• Baqikelele umxholo ngokubuza imibuzo.
• Baphengulule isicatshulwa bevavanya beqinisekisa injongo ukulungiselela umsebenzi ekufuneka wenziwe.
• Bafundisise isicatshulwa ukuze bakwazi ukuphendula imibuzo.
• Bathelekise imibhalo besebenzisa ubuchule bolwimi obuquka igrama nesintaksi, iingcambu zamagama, izimaphambili nezimamva ukuzekelisa intsingiselo.
• Basebenzise ulwazi lweendlela zobhalo, iindidi-ndidi zemibhalo baqaphele neempawu ezizodwa ukubonakalisa ukuqonda.
• Babuze imibuzo eliqela ukuzuza ulwazi nokucacisa intsingiselo.</td></tr>
<tr><th>IMIGANGATHO YOKUHLOLA</th><th>IZIPHUMO ZESIFUNDO</th></tr>
<tr><td>• Iimpembelelo Unxibelelwano olungakhankanywa ngamlomo nemiyalezo ethunyelwa yintshukumo yomzimba iyahlalutywa icaciswe ukuze kujongwe ifuthe kwintsingiselo.
Iinkalo ngeenkalo: Unxibelelwano olungakhankanywa ngamlomo luquka iintshukumo zomzimba, ubuso, izandla, izangotshe jikelele, iisimboli, imibala, imifanekiso nemizobo, iidayagramu, ukuzalana komntu nokumngqongileyo, inkcubeko, ukufunda, umdlalo-xeliso nentetho yezandla.</td><td>• Ukuhlalutya nokucacisa okungakhankanywanga esicatshulweni okanye entethweni negalelo okanye ifuthe loko kwintsingiselo ephuhlayo.
Iinkalo ngeenkalo: Unxibelelwano olungakhankanywa ngamlomo luquka iintshukumo zomzimba, ubuso, izandla, izangotshe jikelele, iisimboli, imibala, imifanekiso nemizobo, iidayagramu, ukuzalana komntu nokumngqongileyo, inkcubeko, ukufunda, umdlalo-xeliso nentetho yezandla.</td></tr>
<tr><th colspan="2">IMISEBENZI YOHLOLO</th></tr>
<tr><td colspan="2">Izixhobo zohlolo:
• Limviwo, uhlolo nemisebenzi yophando-lwazi inemibuzo egqale esicatshulweni.
• Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokufunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba.
Kulindeleke ukuba abafundi:
• Bahlalutye ifuthe negalelo lwentsingiselo engakhankanywanga.
• Banike inkcaza ngemiyalezo ecacileyo nefihlakeleyo engakhankanywanga ngamlomo okanye esicatshulweni.
• Bachaze ukwalamana kwezo zangotshe zingakhankanywanga nenkcubeko.</td></tr>
<tr><th>IMIGANGATHO YOKUHLOLA</th><th>IZIPHUMO ZESIFUNDO</th></tr>
<tr><td>• Kuphononongwa kuphicothwa iimpawu ezisetyenzisiweyo ukucacisa intsingiselo.
Iinkalo ngeenkalo: Iimpawu ezi zibandakanya izihloko, iintshayelelo, imihlathi, iziphetho, iziphumo zeenkcaza, izahluko, iidayagramu, imizobo, izishwankathelo, iziqulatho, izihlomelo, izongezo, ingcaciso yesigama esisetyenzisiweyo, ulwalamaniso, uhlanganyeliso, ubume bombhalo, iitheyibhile, ubukhulu bamagama nohlobo lobhalo, imibala, amafoto neminye imiboniso, iintloko, iiengele zekhamera nezinye izixhobo zokuphulaphula nezinye izixhobo noomtshini bemifanekiso bhanyabhanya.</td><td>• Ukuphanda nokuchaza iindlela iimpawu zesicatshulwa eziyiphuhlisa ngayo intsingiselo yokubhaliweyo ngokufezekileyo.
Iinkalo ngeenkalo: Ezi mpawu zibandakanya izihloko, iintshayelelo, imihlathi, iziphetho, iziphumo zeenkcaza, izahluko, iidayagramu, imizobo, izishwankathelo, iziqulatho, izihlomelo, izongezo, ingcaciso yesigama esisetyenzisiweyo, ulwalamaniso, uhlanganyeliso, ubume bombhalo, iitheyibhile, ubukhulu bamagama nohlobo lobhalo, imibala, amafoto neminye imiboniso, iintloko, iiengile zekhamera nezinye izixhobo zokuphulaphula nezinye izixhobo noomtshini bemifanekiso bhanyabhanya.</td></tr>
</table>

IMISEBENZI YOHLOLO

Izixhobo zohlolo:
- Limviwo, uhlolo nemisebenzi yophando-lwazi inemibuzo egqale esicatshulweni.
- Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokufunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba.

Kulindeleke ukuba abafundi:
- Baphawule bacaphule iimpawu ezibhalwe kwisiqendwana esibhalwe "**linkalo ngeenkalo"** bachaze nomsebenzi wazo.
- Baxoxe ngokuba iimpawu ezi ziyixhasa njani intsingiselo yokubhaliweyo.

IMIGANGATHO YOKUHLOLA	IZIPHUMO ZESIFUNDO
• Kuhlalutywa iimpawu zesicatshulwa nosetyenziso lwezixhobo zokubhala zentetho ethe ngqo nesimbo sombhali, ukucacisa intsingiselo yezicatshulwa kwiimeko ezahlukeneyo. • Iinkalo ngeenkalo: Izixhobo nesimbo sombhali sokusebenzisa ulwimi oluthe ngqo nolunezafobe, ubuciko, imvano-siphelo, intetho yokukhuthaza, ukuphembelela (utsalelo kwicala elingathi lingaphumelela, isingqini, ubaxo nobabazo, imibuzo emifutshane etsolileyo, ugqithiselo, uphinda-phindo, amagama avusa umnyele, izihlekiso, ukugqebela, ukugwexa, ukuphoxa, ukukhwenca, ukuchwisha, ukugwexa nokuhlaba amadlala. Imiboniso bhanyabhanya ibhekisa kwiindlela-ndlela zobhalo, intsukaphi nesimo sentlalo, uyilo nemixholo, abalinganiswa nobuchule nobucukubhede bekhamera.	• Uhlalutya iimpawu zesicatshulwa nosetyenziso lwezixhobo zokubhala zentetho ethe ngqo nesimbo sombhali, ukucacisa intsingiselo yezicatshulwa kwiimeko ezahlukeneyo • Iinkalo ngeenkalo: Izixhobo zizinto ezinjengokusetyenziswa kolwimi oluthe ngqo nolunezafobe, ubuciko, imvano-siphelo, intetho yokukhuthaza, ukuphembelela (utsalelo kwicala elingathi lingaphumelela, isingqini, ubaxo nobabazo, imibuzo emifutshane etsolileyo, ugqithiselo, uphinda-phindo, amagama avusa umnyele, izihlekiso, ukugqebela, ukugwexa, ukuphoxa, ukukhwenca, ukuchwisha, ukugwexa nokuhlaba amadlala. Imiboniso bhanyabhanya ibhekisa kwiindlela-ndlela zobhalo, intsukaphi nesimo sentlalo, uyilo nemixholo, abalinganiswa nobuchule nobucukubhede bekhamera.

IMISEBENZI YOHLOLO

Izixhobo zohlolo:
- Limviwo, uhlolo nemisebenzi yophando-lwazi inemibuzo egqale esicatshulweni, iingxelo nophengululo, iimpendulo ezichubekileyo, eziqiqileyo, izakhono zolinganiso, ukubalisa, ubhalo lweeprojekthi nokuphuhlisa intsingiselo ngokusebenzisa iikhathuni, okuphulaphulwayo, imiboniso, nemizobo.
- Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokufunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba.

<u>Litekisi ezifuna ukuba ubani acinge ngezoshishino kunye nezinto ezintsha, ayile</u>

Kulindeleke ukuba abafundi:
- Baphawule futhi bachaze injongo, ubume nosetyenziso lolwimi kwiingxelo, iinkqubo ezilandelwayo, iinkcazelo, neenkcaza.
- Baphawule futhi baphononononge iimpembelelo zobhalo lombhali nosetyenziso lwezixhobo zobhalo.

<u>Inoveli/ ibali elifutshane/ intsomi/ izicatshulwa ezifutshane</u>

Kulindeleke ukuba abfundi:
- Bahlalutye isiseko sebali, impixano, abalinganiswa nendima yombalisi apho kukho khona imfuneko.
- Bahlalutye usetyenziso lwesimbo esithile sokubhala nezixhobo zobhalo (ezibalwe kwisiqendwana esithi bachaze nezinto eziluchaphazelayo olu hlobo lokubhala ngokunjalo nentsingiselo.
- Bachaze bacacise umxholo neembono ezivezwayo.
- Baphononononge imvelaphi yebali nolwalamano phakathi kwesakhiwo sebali nabalinganiswa okanye umxholo.
- Bachaze ubume bengqondo nomxhelo wombhali, ixesha, ugqebelo kunye neziphethelo.

<u>Imibongo</u>

Kulindeleke ukuba abafundi:
- Bahlalutye indlela uchongo lwamagama, umboniso-ntekelelo nezixhobo zesandi ezisetyenzisiweyo ezibuchaphazela ngayo ubume bengqondo, umxholo, ngokunjalo nentsingiselo.
- Bahlalutye indlela ubume bemiqolo nemihlathi, imvano-zandi, isingisho neziphumlisi eziyinika ngayo intsingiselo.

<u>Idrama</u>

Kulindeleke ukuba abafundi:
- Bahlalutye incoko yababini neentshukumo ezenziwayo nolwalamano lwabalinganiswa nomxholo.
- Baphononononge isakhiwo sebali, ulwakhiwo lwabalinganiswa, impixano, injongo yomdlalo nogqebelo.
- Batolike isakhiwo nobume beqonga.

<u>Litekisi ezibonwayo nezo zenziwe ngobuxhakaxhaka beteknoloji</u>

Kulindeleke ukuba abfundi:

- Baphawule ubuchule nobucukubhede bemifanekiso bhanyabhanya bachaze iimpembelelo zabo zentsingiselo.
- Ubuchule nobucukubhede bemifanekiso bhanyabhanya buquka usetyenziso lwemibala, incoko yababini, umculo nezixhobo ezikhupha isandi, iiengile zekhamera, intshukumo yekhamera, izikhanyisi okanye izibane, ulwakhelo okanye ukufreyimisha, okudityanisiweyo, izinto ezivela ngaphambili nangasemva emboniswen, kunye nokuhlela.
- Baphawula bahlalutye indlela ephothaniswe ngayo kuzo zonke izibakala zombhalo imiyalezo.
- Icebiso: Oku kungabandakanya iintengiso zikamabonakude, imiboniso bhanyabhanya yokwenzeka ngokuyinyani, izifundo zefilimu, iingxoxo-mpikiswano zikamabonakude neengxoxo zeephaneli nezinye iinkqubo zikamabonakude.

IMIGANGATHO YOKUHLOLA	IZIPHUMO ZESIFUNDO
• Zicaciswa ngokuthe gca iziseko zokuphila nezenkcubeko, iinkolo, umkhethe noluvo lombhali neempembelelo zoko ekunikeni intsingiselo nenjongo ecacileyo.	• Kuhlalutywa iziseko zokuphila nezenkcubeko, iinkolo, umkhethe noluvo lombhali neempembelelo zoko ekunikeni intsingiselo nenjongo ecacileyo.

IMISEBENZI YOHLOLO

Izixhobo zohlolo:
- Limviwo, uhlolo nemisebenzi yophando-lwazi inemibuzo egqale esicatshulweni, iingxelo nophengululo.
- Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokufunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba.

Kulindeleke ukuba abafundi:
- Bahlalutye bachaze ngesimo sentlalo nenkcubeko elisekelwe kulo ibali.
- Baphawule bachaze ngeziseko zokuphila nezenkcubeko, iinkolo, umkhethe noluvo lombhali ngokuphathelene nesini, ubume ekuhlaleni, ubudala, amandla nobungangamsha, amalungelo oluntu, ubandakanyeko lwesininzi kunye nemibandela yezendalo nokusingqongileyo jikelele.
- Bahlalutye indlela obandakanywe ngayo umkhethe, ungcikivo nocalucalulo koko kubhaliweyo, nendlela oko okuyichaphazela ngayo intsingiselo.

IZIPHUMO SESIFUNDO

2.2 Bahlalutya okubhaliweyo, imiboniso neendlela-ndlela zonxibelelwano ngovakalelo noluvo oluthile ukulungiselela iinjongo ezithile ezahlukeneyo.

IMIGANGATHO YOKUHLOLA	IZIPHUMO ZESIFUNDO
• Intsingiselo ecacileyo nefihlakeleyo iboniswa ngobhalo owahlukeneyo lwezimvo neentsingiselo ezahlukeneyo.	• Kuhlalutywa intsingiselo ecacileyo nefihlakeleyo eboniswa ngobhalo owahlukeneyo lwezimvo neentsingiselo ezahlukeneyo.

IMISEBENZI YOHLOLO

Izixhobo zohlolo:
- Limviwo, uhlolo nemisebenzi yophando-lwazi inemibuzo egqale esicatshulweni, iingxelo nophengululo, iimpendulo ezichubekileyo, eziqiqileyo, izakhono zolinganiso, ukubalisa, ubhalo lweeprojekthi nokuphuhlisa intsingiselo ngokusebenzisa iikhathuni, okuphulaphulwayo, imiboniso, nemizobo.
- Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokufunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba.

Kulindeleke ukuba abfundi:
- Bagqibe yaye banike uluvo ngombhalo nenjongo yawo ngokunjalo nenjongo yendlela oveliswe ngawo.
- Bakhangele bafumane ulwazi olungqinelanayo neenkcukacha embhalweni okanye esicatshulweni.
- Baphendule imibuzo eyahlukeneyo ebonisa ukuqonda.
- Bachaze intsingiselo yezangotshe ezisetyenzisiweyo ngokuphawula nokukhankanya izixhobo nobuchule obusetyenzisiweyo ukwakha konke oku.
- Bahlalutye iimpembelelo nokuchatshazelwa zizafobe, ubuciko nezixhobo zokumnandisa ezifana nezikweko, isifaniso, imiqondiso nemizekeliso, udlalo ngamagama, uburharha, ubabazo, uchasaniso, uchwisho nogwexo, imifanekiso yokuhlekisa, ugqebelo, ukhwenco, uchasaniso-ngqondo, inkcaso nokujika kwezinto kwintsingiselo yezicatshulwa ezibhaliweyo.

IMIGANGATHO YOKUHLOLA	IZIPHUMO ZESIFUNDO
• Kusetyenziswa iziseko ukwandlala umcimbi nolwazi ngokuqiqileyo nangokuvakalayo. *Iinkalo ngeenkalo: Iziseko ziquka izishwankathelo, amanqaku athatyathwayo, amaxesha, iidayagramu, ukubeka intetho ngamanye amazwi, imifanekiso-ngqondweni nemifanekiso-ntelekelelo, imidlalo elinganiswayo, idrama neencoko zababini, ukubalisa, imiboniso nemizobo, amanqaku asikiweyo, iingxelo, iimpendulo nemibuzo.*	• Kusetyenziswa iziseko ukwandlala umcimbi nolwazi ngokuqiqileyo nangokuvakalayo. *Iinkalo ngeenkalo: Iziseko ziquka izishwankathelo, amanqaku athatyathwayo, amaxesha, iidayagramu, ukubeka intetho ngamanye amazwi, imifanekiso-ngqondweni nemifanekiso-ntelekelelo, imidlalo elinganiswayo, idrama neencoko zababini, ukubalisa, imiboniso nemizobo, amanqaku asikiweyo, iingxelo, iimpendulo nemibuzo.*

IMISEBENZI YOHLOLO

Izixhobo zohlolo:
- Ushwankathelo, amanqaku athatyathwayo, amaxesha, iidayagramu, ukubeka intetho ngamanye amazwi, imifanekiso- ngqondweni nemifanekiso-ntelekelelo, imidlalo elinganiswayo, izincoko, uphengululi, usetyenziso lwekhompyutha ukwandlala umcimbiamanqaku asikiweyo, iingxelo, iimviwo nohlolo lunemibuzo engqale nesekelwe kokubhaliweyo.
- Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokuFunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba.

Kulindeleke ukuba abafundi:
- Bafunde/baphonononge intsingiselo, injongo nelwakhiwo.
- Baphawule, babhale nengxelo ukulungiselela umsebenzi abawunikiweyo.
- Basebenzise iziseko zolwakhiwo ezichatshazelwe kwisiqendwane esithi **"Iinkalo ngeenkalo"** ukubhala ingxelo yolwazi ngokwenjongo yomsebenzi.

IMIGANGATHO YOKUHLOLA	IZIPHUMO ZESIFUNDO
• Kubhalwa iingxelo ngamanqaku ayinyani neembono, uluvo, umkhethe, umxholo namanqaku axhasayo kunye neenkcukacha ngokucaphula esicatshulweni nakwezinye iindlela-ndlela zonxibelelwano ezisetyenzisweyo.	• Ukwahlula nokuchaza amanqaku ayinyani neembono, uluvo, umkhethe, umxholo namanqaku axhasayo kunye neenkcukacha ngokucaphula esicatshulweni nakwezinye iindlela-ndlela zonxibelelwano ezisetyenzisweyo.

IMISEBENZI YOHLOLO

Izixhobo zohlolo:
- Limviwo, uhlolo nemisebenzi yophando-lwazi inemibuzo egqale nesekelwe esicatshulweni, iingxelo nophengululo
- Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokuFunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba.

Kulindeleke ukuba abafundi:
- Bakhangele bafumane ulwazi olufanelekileyo olungqinelana neenkcukacha ezisesicatshulweni.
- Bahlalutye indlela oluyiphuhlisa ngayo intsingiselo ukhetho noshiyo lwezinto nezibakala ezithile esicatshulweni.
- Bahlule phakathi kokuyinyani neembono okanye izimvo nje, batsho bayixhase impendulo yabo.
- Bahlalutye uluvo lombhali banike ubungqina obukholisayo obucatshulwe esicatshuwleni.
- Baphonononge imizekeliso yombhali, iziphetho nthelekiso alusebenzisileyo beyithelekisa neyabo.
- Batolike baxhase bethethelela iimpendulo zabo ngokuvokothekileyo.

<table>
<tr><th colspan="2">IZIPHUMO SESIFUNDO</th></tr>
<tr><td colspan="2">2.3 Ukuphonononga nokuhlaba amadlala ngendlela yosetyenziso lweziseko zolwimi nokuba ziyichaphazela njani intsingiselo nengqiqo.</td></tr>
<tr><td>IMIGANGATHO YOKUHLOLA</td><td>IZIPHUMO ZESIFUNDO</td></tr>
<tr><td>• Ubuchule bokubhala, ukucacisa iimpembelelo zoko nendlela eziyichaphazela ngayo intsingiselo kumfundi iyaphononga bucaciswe.
Iinkalo ngeenkalo: Ubuchule bokubhala bubandakanya ubude besivakalisi, iziphumlisi, ubizo- nengcaciso-magama, usetyenziso lolwimi athe ngqo angenantelekelelo imizekeliso nezafobe, isigama sendawo nesimbo sombhali, ukuphawulwa komkhethe, ululvo oluqinileyo ngabantu okanye ngezinto nongcikivo, usetyenziso logqebelo nempoxo/ isihlekiso/ ukhwenco/ uchwisho/ ulwimi lwezomthetho.</td><td>• Ukuphononga ubuchule bokubhala, ukucacisa iimpembelelo zoko kumfundi.
Iinkalo ngeenkalo: Ubuchule bokubhala bubandakanya ubude besivakalisi, iziphumlisi, ubizo- nengcaciso-magama, usetyenziso lolwimi athe ngqo angenantelekelelo imizekeliso nezafobe, isigama sendawo nesimbo sombhali, ukuphawulwa komkhethe, uluvo oluqinileyo ngabantu okanye ngezinto nongcikivo, usetyenziso logqebelo nempoxo/ isihlekiso/ ukhwenco/ uchwisho/ ulwimi lwezomthetho okanye lwasemthethweni.</td></tr>
<tr><td colspan="2">IMISEBENZI YOHLOLO</td></tr>
<tr><td colspan="2">Izixhobo zohlolo:
• Limviwo, uhlolo nemisebenzi yophando-lwazi inemibuzo egqale esicatshulweni.
• Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokuFunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba.
Kulindeleke ukuba abafundi:
• Bahlalutye baxoxe ngosetyenziso lobuchule obuphawulwe ngokuthe gca kwisiqendwana esithi “Iinkalo ngeenkalo”.
• Bachaze iimpembelelo nendlela obu buchule obuyichaphazela ngayo ingqiqo yomfundi nezizithethelela ngayo neempendulo zakhe.</td></tr>
<tr><td>IMIGANGATHO YOKUHLOLA</td><td>IZIPHUMO ZESIFUNDO</td></tr>
<tr><td>• Kuhlalutywa iziseko ezithile zolwimi nobuchule obubodwa ukuchaza indlela eziyixhasa ngayo injongo nolonwabo.
Iinkalo ngeenkalo: Iziseko zolwimi ziquka isimbo sokubhala, isigama sendawo, ubizo- nengcaciso-magama, imifanekiso, iintloko, ubhalo, usetyenziso logqebelo nempoxo/ isihlekiso/ ukhwenco/ uchwisho/ ulwimi lwezomthetho kunye negrama.</td><td>• Ukuhlalutya iziseko ezithile zolwimi nobuchule obubodwa ukuchaza indlela eziyixhasa ngayo injongo nolonwabo.
Iinkalo ngeenkalo: Iziseko zolwimi ziquka isimbo sokubhala, isigama sendawo, ubizo- nengcaciso-magama, imifanekiso, iintloko, ubhalo, usetyenziso logqebelo nempoxo/ isihlekiso/ ukhwenco/ uchwisho/ ulwimi lwezomthetho kunye negrama.</td></tr>
<tr><td colspan="2">IMISEBENZI YOHLOLO</td></tr>
<tr><td colspan="2">Izixhobo zohlolo:
• Limviwo nohlolo olunemibuzo egqale emxholweni, iingxelo nophengululo
• Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokufunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiziko elinguVimba woLwazi noweeNdaba.
Kulindeleke ukuba abafundi:
• Bagwebe yaye baxhase indlela iziseko zentetho nezolwimi ezichatshazelwe kwisiqendwana esithi “Iinkalo ngeenkalo” eziyichaphazela ngayo intsingiselo, injongo nolonwabiso okanye ulonwabelo lwentetho.</td></tr>
</table>

Isihloko 3: Ubhalo nolwandlalo-mcimbi

IZIPHUMO SESIFUNDO	
3.1 Ukusebenzisa kananjalo nokuvavanya ngendlela enobuchule ekubhaleni ngendlela efanelekileyo nonobuchule bokuyila kulungiselelwa abo bantu kubhekiswa kubo, kubhalwa ngeenjongo ezithile ngakokunjalo kubhalwa phantsi kweemeko ezithile.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Iyahlolwa imisebenzi ebhalwayo kwaye icwangciswe injongo kunye nabo Bantu kubhekiswa kubo. • *Uthotho lokubhalwayo: Imisebenzi ebhalwayo iquka ubhalo-ngqangi, ukubhala iingxelo ezimiselweyo nezo zingamiselwanga, amaxwebhu entlanganiso, izindululo kunye namanye amaxwebhu athundezayo ndawonye neembalo zomsebenzi.*	• Qaphela ukuba imimiselo kunye nesicwangciso sokubhala kufuneka zibe ziyahambelana nenjongo kunye naba Bantu kubhekiswa kubo. • *Uthotho lokubhalwayo: Imisebenzi ebhalwayo iquka ubhalo-ngqangi, ukubhala iingxelo ezimiselweyo nezo zingamiselwanga, amaxwebhu entlanganiso, izindululo kunye namanye amaxwebhu athundezayo, iimbalo zamajelo eendaba, ukubhalela umntu ndawonye neembalo zomsebenzi.* • *Uthotho lokubhalwayo: Olu cwangciso luquka nakubeni kungaphelelanga apho, iimidn maps, imizobo (dayagram) imizobo engumfuziselo wezindlu zesigcawu, izakheko, iitshathi, iiflowu-dayagram kunye namanqaku abhaliweyo*
IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: • LiMvavanyo, iimviwo, imisebenzi yokuhlola ulwazi ebhalwayo, iiprojekthi nolwandlalo- miba ehamba nemisebenzi ebhalwayo. • Imisebenzi eyenzelwa kwindawo eyi-Language and Reading laboratory, imisebenzi eyenzelwa kwi-Resource and Media centre. **Kulindeleke ukuba abafundi:** • Bacebe baze babhale iileta ngokwendlela ababona ngayo. • Bacebe babhale iileta ngokwendlela ekulindeleke ukuba kwenziwe ngayo emsebenzini. *Uthotho lokubhalwayo: Iileta ezibhekiselele kwiileta ezazisayo, iileta eziya kumajelo eendaba, imibuzo kunye neempendulo, izikhalazo, iileta eziya kwicandelo lezoluntu, ingqesho, imbalelwano yengqesho (ileta ekhaphayo yesicelo, iCV iLeta yokuQeshwa, iLeta yokurhoxa emsebenzini).* • Bacebe baze babhalele iintlanganiso. Uthotho lokubhalwayo: Amaxwebhu entlanganiso abhekiselela ekucholacholweni kwamanqaku kunye nezihlomelo, izaziso, ii-ajenda kunye nokucholwa kwamnqaku aloo nto iza kwenziwa amanqaku entlanganiso kawonkewonke kunye nawentlanganiso yesikhawu). • Bacebe baze babhale ngokweenjongo ezithundezayo. *Uthotho lokubhalwayo: Xa ku-bhalwa ngokweenjongo ezithundezayo kuqukwa nokubhala izindululo, izibhengezo (izaziso, imipoposho [classified] kwanokwandlala izibhengezo), izincoko ezoxoxwayo nezingathanga ngqo.* • Bacebe baze babhale iingxelo. *Uthotho lokubhalwayo: Iingxelo ziquka ukuzaliswa kweefom ezinika inkcazo ngengozi, inkcazo ngemicimbi nezinto ezithe zehla, iingxelo ezilandela uphando okanye uphengululo oluthe lwaqhutywa.* • Bacebe baze babhalele amajelo eendaba: *Uthotho lokubhalwayo: Iileta ziquka ezo ziya kumajelo eendaba, amanqaku ezigidimi zeendaba, iimagazini okanye amaphepha-ndaba, imibhalo-ngqangi yedrama okanye okuyiliweyo.* • Bacebe baze babhale ngokuziyilela. *Uthotho lokubhalwayo: Ubhalo-ngqangi/ ngokuziyilela luquka izincoko okanye ezinye iindlela zobhalo olunika ingcaciso, oluyilayo, olungathanga ngqo, oluyinyani kwanolo ludandalazisa okuthile.* • Bacebe baze babhalele iinjongo ezithile. *Uthotho lokubhalwayo: Iinjongo zoku ziquka iimemo, iifeksi, ezitshintshelwa kuthotho lweenkcukacha ukusuka kolunye uhlobo ukuya kolunye, izinto ezifana neegrafu, ii-sms kunye nee-imeyili*.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Izimvo eziphambili kunye nezo zixhasayo ndawonye neengcombolo ezibandakanyekayo zifumaneka ngokwenziwa kophando ze zidityaniswe ukuze kubhalwe ngokunabileyo xa kuphethwe umcimbi othile.	• Kwenziwa uphando ngezimvo ezibalulekileyo nezo zixhasayo kunye neenkcukacha ezichaphazelekayo ukuze kubhalwe ngokunabileyo xa kuphethwe umcimbi othile.

IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: • Limvavanyo, iimviwo, imisebenzi yokuzihlola ulwazi, iiprojkethi kunye nolwandlalo-micimbi ehamba nomsebenzi obhalwayo. • Imisebenzi eyenzelwa kwi-Language and Reading Laboratory, imisebenzi eyenzelwa kwiziko iResource and Media centre. **Kulindeleke ukuba abafundi:** • Basebenzise amacebo okuphanda xa beqokelela iingcombolo, ezihlanganyelweyo, abazithathe koovimba abohlukeneyo. • Babeke naluphi na uluvo olufika kuqala baze balubhale phantsi ngokolwakhiwo oluthile. • Bagqale ukuba ziziphi na izivakalisi eziziingongoma ezilungele. okubhalwayo • Babhale izivakalisi ezizingongoma ezinezimvo ezibalulekileyo • Banabise ezona njongo zibalulekileyo bazenze imihlathi, bezinonga ngezimvo ezixhasayo, nangeenkcukacha ezibanzi nezo zingekho banzi.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Ukukhathalela nokuvakalelwa yiyantlukwano ngenkcubeko kubonakaliswa kwindlela yokubhala nokhetho lwesigama esisetyenzisiweyo.	• Ukwahlula nokubonisa ukuhlonipha inkcubeko kunye nemeko yomntu okanye yento kwisimbo sokubhala nasekuchongeni amagama xa ebhala. • Ukhathalela yaye uyavakalelwa yiyantlukwano ngenkcubeko kubonakaliswa kwindlela yokubhala nokhetho lwesigama esisetyenzisiweyo.
IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: • Limviwo nohlolo olunemibuzo egqale emxholweni, imisebenzi yophando-lwazi neprojekthi, ubeko lomcimbi nemisebenzi yobhalo. • Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokuFunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba. **Kulindeleke ukuba abfundi:** • Basebenzise intetho esesikweni eyamkelekileyo, ithoni yelizwi (uvakalelo) bathethe ngendlela ecacisayo, egwegwelezayo, ngokuncokolayo okanye ngokubalisayo, ngobhalo oluyinyani, noluntetho incasanisiweyo ngokulawulwa yinjongo yobhalo olo. • Basebenzise isigama (ubizo nengcaciso-magama) ngenjongo yobhalo. • Bakhuphe iindawo eziphuhlisa umkhethe nezithukayo nezinyelisayo embhalweni ngokunjalo bawuhlele umbhalo lowo. • Bagqibe ngolwazi ekufuneka lubandakanyiwe okanye lushiyelelwe, ze bachaze neempembelelo zoko okanye unobangela wokwenjenjalo. • Bacubungule usetyenziso lwesigama ukunciphisa untsonkotho lwentetho, usetyenziso lwamagama angenamsebenzi, isigama esintsonkothileyo seemeko ezithile neempazamo zokubetha kolwimi. • Babonakalise uvakalelo lwezimvo zabanye, ulwamkelo lweyantluko emayela namalungelo oluntu, ezokuhlala, inkcubeko, ezendalo nokusingqongileyo jikelele, imiba enobuzaza efana nechaphazela isini, ubuhlanga, ubulima nokukhubazeka, ubudala, ubume ekuhlaleni, intlupheko, indlela yokuphila, imvelaphi yobuzwe, inkolo, i-HIV/AIDS nezinye izifo, kunye nothungelwano lwamazwe ngamazwe. • Bakhethe imo efanelene nenjongo kunye nomxholo wokubhaliweyo.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Kukhethwa kuphononongwe iindlela zobhalo zale mihla ukulungelelanisa nenjongo nomxholo.	• Ukuphononongа nokukhetha iindlela zobhalo zale mihla ukulungelelanisa nenjongo nomxholo.

IMISEBENZI YOHLOLO
Izixhobo zohlolo: • Limviwo nohlolo olunemibuzo egqale emxholweni, imisebenzi yophando-lwazi neprojekthi, ubeko lomcimbi nemisebenzi yobhalo. • Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokuFunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba. **Kulindeleke ukuba abafundi:** • Bakhe izivakalisi eziqiqileyo ezinentsingiselo nezivakalayo. • Basebenzise amanqaku angundoqo ngokufezekileyo ezisuesela kucwangciso. • Bakhe izivakalisi ezizizihloko bazinabise zande zibe yimihlathi. • Bahkethe uhlobo lokubhala nesimbo sokubhala esichubekileyo esiphuhlisa izakhono zabo. • Baphawule yaye basebenzise iindlela-ndlela neazixhobo ezahlukeneyo zobhalo nobuciko *Izixhobo zizinto ezinjengokusetyenziswa kolwimi oluthe ngqo nolunezafobe, ubuciko, imvano-siphelo, intetho yokukhuthaza, ukuphembelela (utsalelo kwicala elingathi lingaphumelela, isingqini, ubaxo nobabazo, imibuzo emifutshane etsolileyo, ugqithiselo, uphinda-phindo, amagama avusa umnyele, izihlekiso, ukugqebela, ukugwexa, ukuphoxa, ukukhwenca, ukuchwisha, ukugwexa nokuhlaba amadlala. Imiboniso bhanyabhanya ibhekisa kwiindlela-ndlela zobhalo, intsukaphi nesimo sentlalo, uyilo nemixholo, abalinganiswa nobuchule nobucukubhede bekhamera.* • Basebenzise izinxulumanisi ezinjengzihlanganisi, izimelabizo, izihlomelo, izalathandawo, namabinza ukuhlanisa intsingiselo nolwalamano lwezivakalisi. • Bahlule imihlathi kwiindawo ezifanelekileyo ukuqinisekisa ukuvakala kwentetho nomcimbi ngokusebenzisa izihloko zezivakalisi, intshayelelo nesiphetho, inkqubela-phambili eqiqileyo negqalileyo nenkcaza, unobangela nokuchaphazelekayo, uthelekiso nochasaniso.

IZIPHUMO ZESIFUNDO	
3.2 Ukhetha iziseko nolwakhiwo lolwimi neempawu ezifanelekileyo zohlalutyo ukuvelisa umbhalo onegrama eyiyo nolungele iimeko neenjongo ezahlukeneyo zonxibelelwano noqhagamshelwano.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Iziseko zegrama zisetyenziswa ukubonakalisa ubhalo lwegrama olululo xa kunikwe imisebenzi yobhalo okanye yokubhala. *Iinkalo ngeenkalo: Igrama ibandakanya ubumbo-zivakalisi okanye isintaksi, izigaba zentetho, amaxesha, izivumelanisi, isixando sokwenza nesokwenizwa, intetho ngqo nengxelo-ntetho, ulandelelwaniso lwamagama, amabinzana oxhomekeko, iziphumlisi nopelo.*	• Usebenzisa iziseko zegrama ngokuchanekileyo xa ebhala esandlala nomcimbi. *Iinkalo ngeenkalo: Iziseko zegrama zibandakanya* ▪ *Ubumbo-zivakalisi okanye isintaksi –iimapwu zesivakalisi; izivakalisi ezimbaxa nezintsonkothileyo, ulwandiso nonabiso lwezivakalisi, iindlela-ndlela zobhalo lwesivakalisi, uphungulo lwezivakalisi, amagatya* ▪ *Ubumbo-zivakalisi okanye isintaksi – iimpawu zesivakalisi, izivakalisi ezilula, izivakalisi ezinzulu, ulwandiso noxando lwezivakalisi, ukwahluka kwezivakalisi, ukuphungulwa kwezivakalisi namagatya* ▪ *Izigaba zentetho zibizo, izenzi, iintsizasenzi, iziphawuli nezibaluli, izihlanganisi, izimelabizo, izimaphambili nezisekelo ezifanelekileyo* ▪ *Amaxesha – elidlulileyo, elangoku, elizayo. Izivumelanisi,* ▪ *Isixando sokwenza nesokwenziwa* ▪ *Intetho ngqo nengxelo-ntetho* ▪ *Ulandelelwano lwamagama* ▪ *Amabinzana oxhomekeko* ▪ *Iziphumlisi Upelo*

IMISEBENZI YOHLOLO
Izixhobo zohlolo: • Limviwo nohlolo olunemibuzo egqale emxholweni, imisebenzi yophando-lwazi neprojekthi, ubeko lomcimbi nemisebenzi yobhalo. • Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokuFunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa yagqitywa kwiziko elinguVimba woLwazi noweeNdaba. **Kulindeleke ukuba abafundi:** • Bakhe izivakalisi ezivakalayo ezinentsingiselo etsolileyo bazilungise ezo zivakalisi namagatya angabhalwanga. • Babhale igrama efanelekileyo.

IZIPHUMO SESIFUNDO	
3.3 Uhlela, alungise aphononononge umbhalo wakhe nowabanye abafundi, abhale iidrafti ezilungelelanisiweyo nezibhalwe ngegrama echanekileyo, evakalayo, elandelekayo nenentsingiselo etsolileyo.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Umbhalo uhloliwe waqinisekiswa ukuba umi ngendlela eyamkelekileyo, kuqatshelwe zonke izinto ezibandakanyekayo.	• Kuhlolwa kuhlelwe umbhalo kuthelekiswa noludwe lwezinto ezibhaliweyo ekufuneka zibandakanyiwe kuwo, kulungelelaniswe nedrafti ebhaliweyo njengokulindelekileyo. • *Uludwe lwezinto ezibandakanywayo:* ▪ *Ubume buqinisekisiwe yaye bulungelene nomxholo nenjongo.* ▪ *Ubume buqinisekisiwe balungelelaniswa nomxholo, injongo nolwandlalo lomcimbi.* ▪ *Isigama esikhethiweyo nengcaciso-magama iqinisekisiwe ukuba izihlonelo iinkcubeko ngokokwahluka kwabantu nangokufaneleka kwayo kwiimeko ezigqaliweyo.* ▪ *Izixhobo zobhalo nesimbo sombhali siqinisekisiwe ukulungela umsebenzi onikiweyo.* ▪ *Izixhobo ezisetyenzisweyo zikhankanyiwe zabhalwa ngokucacileyo ngendlela ecwangcisiweyo nelungele umsebenzi onikiweyo okanye isifundo.* ▪ *Igrama nopelo lwamagama luqinisekisiwe yaye kusetyenziswe isigama esifanelekileyo.* ▪ *Umxholo uqinisekisiwe ukuba uthetha okuyinyani, ngokwaneleyo nangokwanelisayo, nangokuvakalayo.* ▪ *Umbhalo uqinisekisiwe walungiswa akwabandakanywa zinto zingeyomfuneko*.

IMISEBENZI YOHLOLO
Izixhobo zohlolo: • Limviwo nohlolo olunemibuzo egqale emxholweni, imisebenzi yophando-lwazi neprojekthi, ubeko lomcimbi nemisebenzi yobhalo. • Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokuFunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba. **Kulindeleke ukuba abafundi** • Badrafte baphinde basebenzi uludwe oluya lukhankayiweyo ukuqinisekisa ukwamkelelka komsebenzi okanye kombhalo. • Bahlele umsebenzi wabo, omnye nomnye, bancome, ze bavakalise uluvo lwabo okanye abakucingayo ngomsebenzi woogxa babo. • Balungise yaye balungelelanise umbhalo wabo njengnyathelo lokugqibela phambi kokuba bawungenise okanye bawandlale phambi kwabanye.

IZIPHUMO SESIFUNDO	
3.4 Ulungisa andlale umcimbi ngendlela eyamkelekileyo nengqinelana nomxholo nefanelene nonxibelelwano olululo.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Umsebenzi ogqityiweyo uqinisekisiwe waphononongwa ukuqinisekisa ukuba umyalezo ucacile, ugqalile yaye uyavakala, uyalandeleka.	• Kuqinisekiswa kuphononongwe umsebenzi ogqityiweyo kuqinisekiswa ukuba umyalezo ucacile, ugqalile yaye uyavakala, uyalandeleka.
IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: • Limviwo nohlolo olunemibuzo egqale emxholweni, imisebenzi yophando-lwazi neprojekthi, ubeko lomcimbi nemisebenzi yobhalo. • Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokuFunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba. **Kulindeleke ukuba abafundi:** • Bangenise umbhalo ovakalayo, ocacileyo, ohleliweyo nolungelelaniswe ngokweemfuno nezicwangciso zomsebenzi besebenzisa uludwe oluya lokuqinisekisa. • Banike ingxelo yaye bayisebenzise ukulungelelanisa ulwandlalo lweyabo imisebenzi okanye imibhalo.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Injongo yomsebenzi wokubhala iphononongiwe ukuba iyangqinelana okanye iyanxulumana nabaphulaphuli nemeko abakuyo okanye nomxholo.	• Kuphononongwa ukuba injongo yomsebenzi wokubhala iyanxulumana nabaphulaphuli nemeko abakuyo okanye nomxholo.
IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: • Limviwo nohlolo olunemibuzo egqale emxholweni, imisebenzi yophando-lwazi neprojekthi, ubeko lomcimbi nemisebenzi yobhalo. • Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokuFunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba. **Kulindeleke ukuba abafundi:** • Baqinisekise ukuba imiqathango yobhalo elindelekileyo bayilandele ukuphuhlisa injongo. • Baqinisekise ukuba yonke imiyalelo ilandelwe okanye ithotyelwe. • Bakhethe eyona ndlela baza kwandlala ngayo iintetho, imicimbi yabo okanye imibhalo yabo phambi kwabaphulaphulieyo, ingqinelana nomxholo.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Ubuchule nezixhobo ezisetyenzisiweyo ziphononongwa ukuba zilungile na yaye zisetyenzisiwe kwidrafti yokugqibela yomsebenzi. *Iinkalo ngeenkalo: Izixhobo nobuchule bokwandlala umcimbi buquka ubume nolungiselelo, umjelo wosasazo oza kusetyenziswa ukwandlala okanye ukuvakalisa okubhaliweyo, ukusetyenziswa kwemiboniso nemizekeliso, izakhiwo, nemiyalezo kambe engabhalwanga.*	• Kuphononongwa kusetyenziswe ulwandlalo lomsebenzi okanye lomcimbi ngokufanelekileyo nangokufezekileyo. *Uluhlu: Izixhobo nobuchule bokwandlala umcimbi buquka ubume nolungiselelo, umjelo oza kusetyenziswa ukwandlala okanye ukuvakalisa okubhaliweyo, ukusetyenziswa kwemiboniso nemizekeliso, izakhiwo, nemiyalezo kambe engabhalwanga.*
IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: • Limviwo nohlolo olunemibuzo egqale emxholweni, imisebenzi yophando-lwazi neprojekthi, ubeko lomcimbi nemisebenzi yobhalo. • Imisebenzi eyenziwe yagqitywa elabhoratri yoLwimi nokuFunda, imisebenzi eyenziwe yagqitywa kwiZiko elinguVimba woLwazi noweeNdaba **Kulindeleke ukuba abafundi:** • Baqinisekise okufuneka kuvelile emsebenzini wabo abawubhalileyo ukulungiselela ixesha lokuwandlala kwabo. • Baqinisekise ukuba yonke imyalelo nemqathangi ithotyelwe. • Umsebenzi ogqityiweyo okanye idrafti yokugqibela ikubume obufunekayo. • Bathelekise futhi baphonononge usetyenziso olwahlukeneyo lwemijelo yosasazo eza kusetyenziswa ukwandlala umcimbi okanye ukuveza umsebenzi njengokusebenzisa izixhobo zekhompyutha, uyilo olulodwa okanye umcimbi lowo uza kwandlalwa ngomlomo.	

Isihloko 4: Ukusetyenziswa kolwimi

IZIPHUMO SESIFUNDO	
4.1 Fumana, sebenzisa ze ulawule imithombo efanelekileyo yokuqhubela phambili ukufunda nonxibelelwano	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Imithombo eyahlukeneyo iyafunyanwa ze isetyenziswe ngempumelelo ekufundeni nakunxibelelwano.	• Fumana ze usebenzise ngempumelelo imithombo eyahlukeneyo ekufundeni. *Uluhlu: Imithombo yokufunda ibandakanya amachule, abacebisi nabafundisi, izichazi-magama nezichazi-magama ezichaza amaqela amagama anentsingiselo efanayo, Iincwadi zesikolo noluncwadi, ulwazi oluqulathwe kwiiwebsayithi ezahlukeneyo, iincwadi zokukhangela ulwazi, iimanyuwali, izikhokelo ngezifundo, amaxwebhu okuthengisa, iinkcazo zezoshishino nezibhalo zamajelo eendaba aliqela.*
IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: • Uhlolo, iimviwo, imisebenzi emiselweyo kunye neeprojekthi ezinemibuzo engqamene neemeko ezithile; inkcazo yokwazisa yomlomo kunye neengxelo. • Imisebenzi egqitywe kwilebhu yoLwimi nokuFunda, imisebenzi egqitywe kwiziko leMithombo naMajelo eendaba. **Kulindeleke ukuba abafundi :** • Bavavanye ukusebenza ngempumelelo kwale mithombo ze bagqibe ngemithombo efanelekileyo abaza kuyisebenzisela okwabo ukufunda. • Bafumane le mithombo ze bayisebenzise ngempumelelo ekufundeni. • Basebenzisa ubuchule bokuthetha nokumamela, bokubhala nokufunda ukubonakalisa kwanokuveza oko bakufundileyo. • Basebenzise imithombo ebachazela ngeendawo ezincwadini apho bangafumana khona ulwazi oluthe xhaxha kwanolwazi olugxile kwizifundo zezomthetho. • Ukuqulunqa nokuvavanya ingqokelela yobungqina ukuqhubela phambili ukufunda kwanokwenza isicwangciso sekhondo lomsembenzi/sengqesho.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Ulwazi jikelele kwanolo lugciniweyo luyahlengahlengiswa ze lungqinisiswe kweminye imithombo ngendlela eqondileyo ukubonakalisa ngempumelelo nangendlela elandelekayo oko kufundiweyo.	• Ukwahlengahlengisa, ukungqinisisa nokuvelisa ulwazi jikelele kwanolo lugciniweyo ngendlela eqondileyo ukubonakalisa ngempumelelo nangendlela elandelekayo oko kufundiweyo.
IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: Uhlolo, iimviwo, imisebenzi emiselweyo kunye neeprojekthi ezinemibuzo engqamene neemeko ezithile; inkcazo yokwazisa yomlomo, eyemiboniso efana neengxelo, uhlahlelo, imihlathi, izincoko, iigrafu nezazobe, izikimu nezintlu. **Kulindeleke ukuba abafundi :** • Bacwangcise ngendlela ze bahlenga-hlengise uphando lube kwisimo esigunyaziswa ngumsebenzi lowo nenjongo yawo. • Baveze ulwazi lukwisimo esihambelana nemeko. *Uluhlu: Lintlobo zesimo zibandakanya kodwa zingaphelelanga kwiingxelo, uhlahlelo, imihlathi, izincoko, iigrafu nezazobe, izikimu nezintlu, imisebenzi emiselweyo, iiprojekthi, iingqokelela zobugqina.*	

IZIPHUMO SESIFUNDO	
4.2 Ukuvavanya nzulu ukusetyenziswa kolwimi kuqhagamshelwano ngomlomo nolubhaliweyo.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Ulwimi lwezobugcisa nesinye isigama siyatolikwa ukuze kufumaneke intsingiselo yawo nokwandisa uluhlu lwamagama	• Ukutolika ulwimi lwezobugcisa nesinye isigama ukuze kufumaneke intsingiselo yaso kwanokwandisa uluhlu lwamagama.

IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: Uhlolo, iimviwo, imisebenzi emiselweyo kunye neeprojekthi ezinemibuzo engqamene neemeko ezithile. **Kulindeleke ukuba abafundi** : • Babonakalise ukuluqonda uluhlu lwamagama kwanesigama esisetyenziswa kwimfundo noqeqesho ngoku. • Basebenzise izishunqulelo kwanamagama akhiwe ngoonobumba bokuqala bamanye amagama. • Bohlule phakathi kwamagama aneentsingiselo ezimbini nangaphezulu asoloko ebhidaniswa, amagama afanayo ngemvakalo kunye noomabizwafane, ze bababenzise ngendlela efanelekileyo kokubhaliweyo. • Basebenzise igama elinye endaweni yebinzana kwaneentlobo-ntlobo zezifanokuthi, izichasi, iiparonimu ngokufanelekileyo. • Basebenzise ngendlela efanelekileyo iintlobo-ntlobo zezaci namaqhalo.	
IMIGANGATHO YOKUHLOLA	**IZIPHUMO ZESIFUNDO**
• Ukusetyenziswa kwezimo zegrama kuhlolwa ngokuthi kujongwe ukuba iziseko zegrama zisetyenziswa ngokuchanekileyo nangokulandelekayo na kwintetho yomlomo okanye ebhaliweyo.	• Hlola ukuba ukusetyenziswa kweziseko zegrama kusetyenziswa ngokuchanekileyo nangokulekayo na kwintetho yomlomo nebhaliweyo. *Uluhlu: Iziseko zegrama zibandakanya ubumbo-zivakalisi, Izigaba-ntetho, amaxesha ezenzi, isivumelanisi, isixando sokwenza nesokwenziwa, intetho ngqo nengxelo-ntetho, ulandelelwano lwamagama, amabinzana oxhomekeko, ukufakwa kweziphumlisi nopelo.*
IMISEBENZI YOHLOLO	
Izixhobo zohlolo: Uhlolo, iimviwo, imisebenzi emiselweyo kunye neeprojekthi ezinemibuzo engqamene neemeko ezithile. **Kulindeleke ukuba abafundi :** • Basebenzise ulwazi lwabo lweentlobo, limigaqo nemimiselo yoopelo. • Basebenzise isini sesibizo, isininzi nesinciphiso ngokuchanekileyo. • Basebenzise imo yothelekiso neyobaxo ngokuchanekileyo. • Baphawule izigaba zentetho ze bazisebenzise ngokuchanekileyo nangendlela elandelekayo kwizivakalisi. • Basebenzise injongosenzi, intloko nesivisa ngokuchanekileyo ze bahlalutye umsebenzi wazo. • Bavelise iintlobo zezivakalisi ezahlukileyo. • Badale uyondelelwano ngokusebenzisa izihlanganisi, izimelabizo, amabinzana namagatya.. • Basebenzise isixando sokwenza nesokwenziwa ngokufanelekileyo kwintetho ze bahlalutye umsebenzi wazo kwintetho. • Basebenzise intetho-ngqo nengxelo-ntetho ngokuchanekileyo ukuphuhlisa intsingiselo efunekayo • Basebenzise imo ephikisayo ngokuchanekileyo. • Basebenzise izivumelanisi ezamkelekileyo • Balandelelanise amagama ngokufanelekileyo ze bachaze ngendlela ulandelelwano lwamagama olungayichaphazela ngayo intsingiselo. • Basebenzise amagatya oxhomekeko ngokuchanekileyo. • Basebenzise iziphumlisi ngokochanekileyo, kwiimeko ezithile ezifana nokucacisa intsingiselo, ukubonakalisa uzalano ngokwegrama nokubonisa ugxininiso.	

4 IMIMISELO ELAWULA IMIBUZO YOHLOLO YOLWIMI EQULUNQWE YIOFISI YEZEMFUNDO – INQANABA 4

4.1 UmSebenzi woHlolo oluHlangeneyo lokuShwankathela, i-Integrated Summative Assessment Task (ISAT):

Inxalenye esisigunyaziso ye-EASS ngumSebenzi **woHlolo oluHlangeneyo lokuShwankathela**, nongumsebenzi omkhulu wohlolo ojolise ekufundeni kwabafundi kusongezelelwa ngokuhamba konyaka lo wonke. Lo msebenzi ufunisa **ukusetyenziswa ngokuhlangeneyo kobuchule obufundiweyo** kwaye wenziwa ze ushicilelwe kulandelwa imiqathango yohlolo.

Isiphakamiso: I-*ISAT ingaqulunqwa kukwasetyenziswa iziSeko kwiNdlela obujongwa ngayo uBomi, iziFundo zeziBalo okanye ukukwAzi ukuBala. Iphulo lophando kuyanikezelwa ngalo lijolise kwisihloko esithile okanye ubuchule obufundwe kwiNdlela obuJongwa Ngayo uBomi. Uphando olwenzelwe eli phulo kwanobhalo lokugqibela nokunikezelwa kwephulo elo kuquka ubuchule kwiSiseko kuLwimi. Naluphi na ubalo, iigrafu, ukubalwa kweendleko okanye ukuqulunqwa kunye/okanye ukuhlahlelwa kolwazi olugciniweyo kungangqinelana nobuchule obukwi-Ziseko kwiziFundo zeziBalo okanye ukukwAzi ukuBala.*

I-ISAT iya kuqulunqwa esikolweni ngasinye ze ihlengahlengiswe ibekwe emgangathweni kwiofisi yezemfundo.

Iimviwo kwinqanaba leSizwe

Uviwo olusesikweni ngezifundo ezizingcingane luqhutywa ngo-Oktobha/Novemba rhoqo ngonyaka kusetyenziswa iphepha /amaphepha aqulunqwe ngaphandle kwesikolo, anikwa amanqaku esikolweni eso ze ahlengahlengiswa kwiofisi yezemfundo Uviwo luya kulandela esi simo silandelayo:

INQANABA 4	ULWAZI NOKUQIQA	UKUSEBENZISA	UHLALUTYO, UKUTHELEKISA NOKUHLOLA
	20%	40%	40%

ISIHLOMELO A: AMAPHEPHA EMVIWO ACETYWAYO

AMAPHEPHA EMVIWO OMGANGATHO 2-4

Amagqabantshintshi acebisa amaphepha oviwo phakathi enyakeni noNovemba kumgangatho 2:

IPHEPHA	INKCAZELO	AMANQAKU
1	Malunga nendawo ekubhalwe kuyo-kusekezelwe imibuzo ekuMameleni nasekuThetheni, ekuFundeni nokuBona nokuSetyenziswa koLwimi.	150
2	Ukubhala imisebenzi njengoko kuchazwa ekuBhalweni (Izikhokhelo zesiFundo)	100
	AMANQAKU APHELELEYO OVIWO	**250**

Amagqabantshintshi acebisa amaphepha oviwo phakathi enyakeni noNovemba kumgangatho 3:

IPHEPHA	INKCAZELO	AMANQAKU
1	Malunga nendawo ekubhalwe kuyo- isekelezelwe ekuMameleni, nasekuThetheni, ekuFundeni nasekuBoneni nokuSetyenziswa koLwimi.	150
2	Ukubhalwa kwemisebenzi njengoko kuchazwa ekuBhalweni (Izikhokhelo zesiFundo)	150
	AMANQAKU APHELELEYO OVIWO	300

Ukumila okucetyiweyo kumaphepha emviwo ngalinye kumgangatho 4:

IPHEPHA	INKCAZELO	AMANQAKU
1	Malunga nendawo ekubhalwe kuyo isekelezelwe kwimibuzo ekuMameleni nasekuThetheni, ukuFunda nokunika iMbono nokuSetyenziswa koLwimi.	200
2	Ukubhala imisebenzi njengoko kuchaziwe ekuBhalweni(IziKhokhelo zeSifundo)	150
	AMANQAKU APHELELEYO OVIWO	350

UKUMILA OKUCETYISWAYO KUMAPHEPHA OVIWO NGALUNYE:

Umgangatho 4:

IPHEPHA 1	INKCAZELO	AMANQAKU	IXESHA
Ukufundo nokunika iimbono	A: Ukuqonda (Ithathwe kwisininzi sokubhaliweyo njengoko kuphawulwe kwizikhokelo zezifundo)	30	Iiyure ezi-3
	B: Isishwankathelo	10	
Ukusetyenziswa kolwimi	C: IGrama Izakhiwo zolwimi mazivavanywe kujongwe indawo yosetyenziso kusetyenziswe isininzi sokubhaliweyo umzekelo imifanekiso, izimemo-ntengiso, imizobo enemiyalezo nemihlathi emifutshane.	20	
	D: Imibuzo esekelwe ukuvavanya unxibelelwano kwizifundo ezingobuchule	20	
Ukuthetha nokumamela	E: Imibuzo esekelwe ukuvavanya ukuthetha nokumamela	30	
Ukufunda nokunika iimbono	Imibuzo esekelwe ukuvavanya isihobe, imidlalo, okubhaliweyo kunokubonakala nokunokuba kwisininzi sezinto zosasazo kunye namabali amafutshane / inoveli / uncwadi lwemveli okanye iintsomi / izincoko ezifutshane	40	
	AMANQAKU EWONKE:	**150**	

Isiphakamiso: Luhlolo oluhlalelwa kuvulwe iincwadi

IPHEPHA 2	INKCAZELO	AMANQAKU	IXESHA
Ukubhala	A: Okubhaliweyo okunokucenga (Jonga kumlinganiselo okwizikhokelo zesifundo)	30	Iiyure ezimbini zinesiqingatha
	B: Ukubhala okwimo yasemsebenzini: Incwadi (Jonga kumlinganiselo okwisifundo) Imbalelwano emfutshane (Jonga kumlinganiselo okwizikhokelo zesifundo)	40	
	C: Ukukhetha phakathi kweNgxelo neMbalelwano yentlanganiso	30	
	D: Ukubhala okusebenzisekayo (Jonga kumlinganiselo wezikhokelo zesifundo)	30	
	E: Ukuhlela	20	
	AMANQAKU EWONKE:	**150**	